## Usuku oluVuleleke kuWonkewonke leYunivesithi yaseStellenbosch NgoMgqibelo umhla we18 kuTshazimpuzi ka2026

Zibandakanye nathi ekhampasini kuSuku lwethu oluVuleleke kuWonkewonke lwaminyaka le, apho samkela abafundi beBanga le11 nele12 kwakunye nabazali, ootitshala, nabacebisi bezemfundo ukuze bahlole zombini iikhampasi le yaseStellenbosch neyaseTygerberg. Yiya kwiiseshoni zengcaciso, imiboniso, nemiboniso yomsebenzi ebanjwe kwiifakhalthi zethu ezikumgangatho wehlabathi. Yonwabela ukhenketho olukhokelwayo kwiikhampasi zethu ezintle, ubomi bethu obudlamkileyo babafundi noluntu, kunye neendawo zethu zokuhlala.

**USuku oluVuleleke kuWonkewonke kwi-Intanethi** Ukuba awukwazi ukuzimasa ngokwakho ubuqu, usenokuba yinxalenye yeYunivesithi yaseStellenbosch – ngokuzibandakanya kuSuku lwethu oluVuleleke kuWonkewonke kwi-Intanethi, ukusuka ngomhla wama20 kuTshazimpuzi ukuya kowama31 kweyeKhala. Fikelela kuzo zonke iiseshoni zengcaciso kwaye uhlale unolwazi ngokundwendwela www.maties.com.

## Iiseshoni zokubonisana

Abafundi banokubhukisha idinga lobuso ngobuso lomntu ngamnye okanye benze amadinga e-intanethi kunye nengcali yokugaya abafundi. Ezi seshoni zibandakanya iinkqubo zeYunivesithi, iimfuno zokwamkelwa, kunye nenkqubo yesicelo. **Ukubhukisha:** csr@sun.ac.za | 021 808 4709

## Isikhokelo nohlolo

Abafundi banokuphinda babhukishe iiseshoni zobuso ngobuso okanye eze-intanethi ukwenzela isikhokelo sokhetho lwezifundo (iBanga le9) okanye uhlolo lokucwangcisa ikhondo lomsebenzi (iBanga le11 nele12). Le nkqubo ibandakanya uhlolo lomlinganiselo wokusebenza kwengqondo (psychometric) leeyure ezine zobuntu, ukufaneleka kunye nezinto ezinomdla, ezilandelwa yingxelo yomntu kunye nengxelo ecacileyo. **Ukubhukisha:** csr@sun.ac.za | 021 808 4709

## Ukwamkelwa eYunivesithi

Nceda uqaphele ukuba iYunivesithi yaseStellenbosch ifumana izicelo ezininzi kuneendawo zokufunda ezikhoyo. Ngoko ke, ukuhlangabezana nezona mfuno zisezantsi zokwamkelwa akuqinisekisi ukwamkelwa kwinkqubo oyikhethileyo. Zonke iinkqubo ziinkqubo zokukhetha, kwaye abafakizicelo bakhethwa ngokwemigaqo efanelekileyo yokukhetha yefakhalthi leyo (efumaneka ku-www.maties.com > Faka isicelo (Apply) > Iimfuno zokwamkelwa nokukhethwa (Admission and selection requirements)).

## Iimfuno ezisisiseko zokwamkelwa ukufunda eyunivesithi

- Kufuneka ube neSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (National Senior Certificate) (iNSC) okanye iBhodi yeeMviwo eziZimeleyo (Independent Examinations Board) (i-IEB) isatifikethi sokushiya isikolo njengoko siqinisekiswe ngu-Umalusi ukuze wamkelwe kwizifundo zesidanga sebhatshela.
- Iimvavanyo zoMgangatho zeSizwe (National Benchmark Tests) (iiNBT) *azifuneki* ukuze wamkelwe ngo2027, ngaphandle kwazo zonke iinkqubo **zeFakhalthi yezoMthetho**, abafakizicelo abavela kwi**School of Tomorrow, iDiploma yeSikolo samaBanga aPhakamileyo saseMzantsi Afrika (South African-based American High School Diploma) (iAHSD)** kunye **nazo zonke izikolo ze-intanethi.**
- Iimfuno ezongezelelweyo zenkqubo ethile ziyasebenza (jonga kumaphepha enkqubo nganye).
- Izikhokelo zeFakhalthi zokukhetha zibekiwe ku-www.maties.com > Faka isicelo (Apply) > Iimfuno zokwamkelwa nokukhethwa (Admission and selection requirements).

## Abafakizicelo bamanye amazwe

Ukuba ufaka isicelo kunye neziqinisekiso zeemviwo zamanye amazwe, iOfisi yoKwamnkelwa ngeNtsebenziswano neStellenbosch University International iza kuphononongа irekhodi yakho yezifundo. Ukufumana iinkcukacha ezithe vetshe, tyelela www.maties.com > Faka isicelo (Apply) > Ikharityhulam yamazwe ngamazwe (International curricula).

# IFAKHALTHI **YEENZULULWAZI NGEZOLIMO**

Abafakizicelo ababufezekisayo ubuncinane beemfuno zokuthathwa bakhethwa ngokwezikhokelo zokukhetha zale Fakhlathi ku**www.maties.com > Apply > Admission and selection requirements.**

## Ibhatshela yezoLimo (BAgric) kwezoLawulo loShishino lwezoLimo (iminyaka emi3)

- Inqaku leziphumo zeNSC elingama**60%** lilonke ubuncinane (ngaphandle kweLife Orientation)
- IsiNgesi OKANYE isiAfrikansi (njengoLwimi lwaseKhaya okanye uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo) **50%**
- IMathematiksi **60%**
- IiNzululwazi zokuBambekayo (IFiziksi neKhemistri) **50%**

**Iinkqubo eziyelelene nayo:** IBhatshela yezoLimo (BscAgric) kwezoHlalutyo noLawulo lwezoQoqosho kwezoLimo; I-BCom (iiNzululwazi zezoLawulo) nalapho kugxilwe khona kwezoQoqosho kwezoLimo

**Amathuba amakhondo emisebenzi:** Ukuba nguMphathi kushishino lwezolimo, nalapho kugxilwa khona kwimveliso yezilwanyana. Ukuba ngusoqoqosho wezolimo kwiziko lezezimali (iinkqubo zophononongo lokusebenza kakuhle, izicwangciso zoshishino, ucwangciso lokuhamba kwemali).

## IBhatshela yeNzululwazi kwezoLimo (BscAgric) kwezoQoqosho kweoLimo (iminyaka emi4)

- Inqaku leziphumo zeNSC elingama**60%** lilonke ubuncinane (ngaphandle kweLife Orientation)
- IsiNgesi OKANYE isiAfrikansi (njengoLwimi lwaseKhaya okanye uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo) **50%**
- IMathematiksi **60%**
- IiNzululwazi zokuBambekayo (IFiziksi neKhemistri) **50%**

### Iinkalo zoko kufundwayo

- UHlalutyo lwezoQoqosho kwezoLimo
- UHlalutyo noLawulo lwezoQoqosho kwezoLimo
- UHlalutyo noLawulo lwezoQoqosho kwezoLimo neNzululwazi yoKutya
- EzoQoqosho kwezoLimo neNzululwazi yoKutya

**Inkqubo eyelelene nayo:** I-BCom (iiNzululwazi zezoLawulo) nalapho kugxilwe khona kwezoQoqosho kwezoLimo

**Amathuba amakhondo emisebenzi:** Ukuba ngumphandi kuhlalutyo loqoqosho olumbaxa (uvavanyo lwefuthe noyilo lwemigaqonkqubo yezolimo nokutya); ukuba ngusoqoqosho kwiziko lezezimali okanye ngumbutho wokuthengisa (ukuqingwa kwamaxabiso, uhlalutyo lwemingcipheko, izicwangciso zoshishino, ukuhamba kwemali); ukuba ngumphathi kwicandelo likawonkewonke okanye kwimibutho yakumazwe ngamazwe ejongene nophuhliso lwezoqoqosho (umz. iBhanki yeHlabathi). UMlawuli weenkxalabo ezingokuphathelene nokusetyenzwa kokutya.

## IBhatshela yezoLimo (BAgric) kwezeeMveliso noLawulo lwezoLimo: Elsenburg (iminyaka emi3)

Le nkqubo yenziwa ngokusebenzisana nabeZiko loQeqeqesho kwezoLimo iElsenburg. Abafundi bahlala kwikhampasi yaseElsenburg nalapho benokuthi balufumane lonke uqeqesho lwabo. Ukuze ufumane ingcaciso ethe vetshe, tsalela umnxeba eElsenburg ku021 808 5451.

- Inqaku leziphumo zeNSC elingama**55%** lilonke ubuncinane (ngaphandle kweLife Orientation)
- IsiNgesi OKANYE isiAfrikansi (njengoLwimi lwaseKhaya okanye uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo) **50%**
- IMathematiksi **50%** OKANYE IMathemetiksi yakwiiMeko zaseBomini **60%**
- IiNzululwazi zokuBambekayo (IFiziksi neKhemistri) **50%** OKANYE iiNzululwazi zeZinto eziPhilayo **50%** OKANYE iiNzululwazi zezoLimo **50%**

### Iinkalo zoko kufundwayo

- UkuVeliswa kweZilwanyana
- ULawulo lwamaGumbi aPhantsi koMhlaba okuGcina uKutya neeWayini

- ITekhnoloji yamaGumbi aPhantsi koMhlaba okuGcina uKutya neeWayini
- OKwandisiweyo nokuVeliswa kweZilwanyana
- OKwandisiweyo nokuVeliswa kweZityalo
- UkuVeliswa kweZityalo
- UkuVeliswa kweZityalo neZilwanyana

## IBhatshela yeNzululwazi yezoLimo (BScAgric) kwi-iNkqubo zokuVeliswa kweZilwanyana (iminyaka emi4)

- Inqaku leziphumo zeNSC elingama**60%** lilonke ubuncinane (ngaphandle kweLife Orientation)
- IsiNgesi OKANYE isiAfrikansi (njengoLwimi lwaseKhaya okanye uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo) **50%**
- IMathematiksi **60%**
- IiNzululwazi zokuBambekayo (IFiziksi neKhemistri) **50%**

**Inkalo yoko kufundwayo**
- INzululwazi ngeZilwanyana

**Inkqubo eyelelene nayo:** Nayiphi na inkqubo yeBScAgric enezifundo eziyeleleneyo nezi; cela ukutshintsha emva kwesimesta kunye/okanye konyaka wezifundo omnye; IBatshela yeziLimo kwezeeMveliso zezoLimo noLawulo lwezoLimo (Elsenburg) nalapho kugxilwa kwezokuVeliswa kweZilwanyana okanye koKwandisiweyo nokuVeliswa kweZilwanyana.

**Amathuba amakhondo emisebenzi:** Ukuba ngumcebisi, ukuba ngusomashishini, manager, ukuba ligcisa, ukuba ligosa eliququzelela ezolimo okanye umlawuli wokwenziwa kweemveliso kwiinzululwazi ngezilwanyana okanye kushishino olunxulumene noko (njengezesondlo kwizilwanyana, inzululwazi yenyama, ifiziyoloji yezilwanyana, ukuzala kwezilwanyana nemizila yemfuza yezilwanyana), okanye ushishino lokufuywa kweentlanzi, ukuba ngumfama wezilwanyana zasekhaya nokuba ngumfama wezilwanyana zasendle.

## IBhatshela yeNzululwazi kwezokuLondolozwa kokusiNgqongileyo (iminyaka emi4)

- Inqaku leziphumo zeNSC elingama**60%** lilonke ubuncinane (ngaphandle kweLife Orientation)
- IsiNgesi OKANYE isiAfrikansi (njengoLwimi lwaseKhaya okanye uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo) **50%**
- IMathematiksi **60%**
- IiNzululwazi zokuBambekayo (IFiziksi neKhemistri) **50%**

**Iinkqubo eziyelelene nayo:** IBhatshela yeNzululwazi kwezoKwahlukahluka kweZinto eziPhilayo nokusiNgqongileyo; I-BScFor (IiNzululwazi zezamaHlathi neMithombo yoNcedo yeNdalo)

**Aamathuba amakhondo emisebenzi:** Amathuba amakhondo emisebenzi kwezokuvavanywa nokubekwa kweliso kwifuthe lokusingqongileyo, kwezokubuyiselwa kwemo yezinto eziphilayo nokusingqongileyo kweyesiqhelo, kwibhayoloji yolondolozo, kulawulo lokufuya izilwanyana zasendle, kwezokhenketho kokusingqongileyo, kwezolimo eziluqilima, kulawulo lwezamahlathi nezityalo ezingakhuliswanga ngazichumisi, ulawulo lwemithombo yoncedo yendalo olusekelwe eluntwini nophando lwebhayoloji engolondolozo.

## IBhatshela yeNzululwazi ngeDatha (BDatSci) (iminyaka emi4)

Le yinkqubo ephakathi kweefakhalthi ezingaphezu kwenye.

- Inqaku leziphumo zeNSC elingama**80%** lilonke ubuncinane (ngaphandle kweLife Orientation)
- IMathematiksi **80%**
- IsiAfrikansi njengoLwimi lwaseKhaya **60%** OKANYE isiNgesi njengoLwimi lwaseKhaya **60%** OKANYE isiAfrikansi njengoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo **75%** OKANYE isiNgesi njengoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo **75%**

**Inkalo yoko kufundwayo**
- IMizila yeMfuza engeeNkcukachamanani

**Amathuba amakhondo emisebenzi:** Ezemizila yemfuza engeenkcukachamanani kwinkalo yokufunda apho kusetyenziswa khona iindlela ezingeenkcukachamanani ukwenza uqukunjelo lwedatha engemizila yemfuza. Oku kusetyenziswa kakhulu kwiinkalo ezifana nomgangatho wemizila yemfuza kwizinto eziphilayo ezithile kusetyenziswa umzekelo ngabafuyi bezityalo neengcali zemizila yemfuza ezisebenza ngolondolozo nakuphononongo lwezifo ezinxulumene nemizila yemfuza nalapho kuphononongwa khona ifuthe lemizila yemfuza kwizifo.

## IBhatshela yeNzululwazi (BSc) kwiNzululwazi yoKutya (iminyaka emi4)

- Inqaku leziphumo zeNSC elingama**60%** lilonke ubuncinane (ngaphandle kweLife Orientation)
- IsiNgesi OKANYE isiAfrikansi (njengoLwimi lwaseKhaya okanye njengoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo) **50%**
- IMathematiksi **60%**
- IiNzululwazi zokuBambekayo (IFiziksi neKhemistri) **50%**

**Iinkqubo eziyelelene nayo:** I-BSc kwezeeNdlela zoKutya; I-BSc kwiBhayoloji yeeMoletyhuli neBhayotekhnoloji; I-BSc kwiKhemistri

**Amathuba amakhondo emisebenzi:** Izazinzulu ngokutya ziqeshelwa ukwenza uqinisekiso lwemigangatho, uphuhliso lweemveliso, uphando, inkxaso yezobugcisa, iintengiso, ulawulo lokuthenga nokuvelisa kushishino lokutya.

## IBhatshela yeNzululwazi (BSc) kwezaMahlathi (ezaMahlathi neeNzululwazi ngeeNkuni) (BScFor) (iminyaka emi4)

- Inqaku leziphumo zeNSC elingama**60%** lilonke ubuncinane (ngaphandle kweLife Orientation)
- IsiNgesi OKANYE isiAfrikansi (njengoLwimi lwaseKhaya okanye njengoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo) **50%**
- Jonga iimfuno ezongezelelweyo zenkalo yokufundwayo nganye

**Iinkalo zokufundwayo**
- **EzaMahlathi neeNzululwazi zeMithombo yoNcedo yeNdalo:**
  - IMathematiksi **60%**
  - IiNzululwazi zokuBambekay (iFiziksie neKhemistri) **50%**
- **IiNzululwazi zeeNkuni neeMveliso zeeNkuni:**
  - IMathematikso **70%**
  - IiNzululwazi zokuBambekayo (iFiziksi neKhemistri) **60%**

**Iinkqubo eziyelelene nayo:**
*EzaMahlathi neeNzululwazi zeMithombo yoNcedo yeNdalo:* I-BSc kuLondolozo lweZinto eziPhilayo nokusiNgqongileyo; I-BScAgric kwiiNzululwazi zeZityalo neMihlaba; I-BSc kwiNzululwazi ngoMhlaba
*IiNzululwazi zeeNkuni neeMveliso zeeNkuni:* I-BEng (kwezoShishino); I-BSc kwezeeNgcaciso ngeJiyografi

**Amathuba amakhondo emisebenzi:**
*IiNzululwazi ngaMahlathi neMithombo yoNcedo yeNdalo:* Ukusebenza njengengcaphephe yezamahlathi, umkhulisi wemithi yokwenza amaplanga, umcwangcisi wezokusingqongileyo, umphandi ngezamahlathi, ingcali yezamahlathi, igosa elingumququzeleli okanye umcebisi, umlawuli wezamalungiselelo, umfuyi wemithi umcebisi ngophuhliso lweendawo ezisemaphandleni nosomashishini.

*IiNzululwazi ngeeNkuni neeMveliso zeeNkuni:* Ukusebenza njengengcaphephe yeemveliso zeenkuni, umphathi kwezokuveliswa kwezityalo neemveliso zeenkuni, umphathi kwezophuhliso lweemveliso, umphathi kwezoqinisekiso lwemigangatho, umcebisi nesazinzulu ngeenkuni. scientist.

## I-BScAgric kwiNzululwaze ngeZityalo neMihlaba (iminyaka emi4)

- Inqaku leziphumo zeNSC elingama**60%** lilonke ubuncinane (ngaphandle kweLife Orientation)
- IsiNgesi OKANYE isiAfrikansi (njengoLwimi lwaseKhaya okanye njengoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo) **50%**
- IMathematiksi **60%**
- IiNzululwazi zokuBambekayo (iFiziksi neKhemitri) **50%**

**Iinkalo zokufundwayo**
- IiNkqubo zokuVeliswa kweZityalo
- IiNkqubo zokuVeliswa kweZityalo kunye neAgronomi, ezoQoqosho kwezoLimo neNzululwazi ngeZilwanyana
- UKhuselo noFuyo lweZityalo
- ULawulo loMhlaba naManzi

**Iinkqubo eziyelelene nayo:** I-BScAgric yokuLinywa koMdiliya noKwenziwa kweeWayini; i-BSc kwiBhayoloji yeeMoletyhuli neBhayotekhnoloji; i-BSc kwezokwaHlukahlukana kweZinto eziPhilayo nokusiNgqongileyo; i-BSc kwiNzululwazi ngoMhlaba; i-BAgric kwiiMveliso zezoLimo noLawulo lwezoLimo (Elsenburg) nalapho kugxilwe khona ekuVeliswени kweZityalo okanye kwezoQuquzelelo nokuVeliswa kweZityalo.

**Amathuba amakhondo emisebenzi:** Amathuba amakhondo emisebenzi ekuveliswent kwezityalo (iagronomi, iziqhamo zemithi ewisa amagqabi kanye ngonyaka, iziqhamo ezibuorenji, ifayinbhosi, ukulinywa komdiliya nezindlu zeglasi zokukhusela izityalo), ukhuselo lwezityalo, uphuculo lwemizila yemfuzo yezityalo, nolawulo lomhlaba namanzi. Amakhondo emisebenzi ahlukahlukeneyo kushishino lwezolimo okanye kushishino olunxulumene nezolimo, njengokuba ngumcebisi, usomashishini, umphathi, igosa elingumququzeleli, igcisa okanye umphandi.

## BScAgric in Viticulture and Oenology (4 years)

- Inqaku leziphumo zeNSC elingama**60%** lilonke ubuncinane (ngaphandle kweLife Orientation)
- IsiNgesi OKANYE isiAfrikansi (njengoLwimi lwaseKhaya okanye njengoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo) **50%**
- Mathematics **60%**
- IiNzululwazi zokuBambekayo (IFiziksi neKhemistri) **50%**

**Iinkqubo eziyelelene nayo:** I-BScAgric yeeNzululwazi zeZityalo neMihlaba; i-BSc kwiBhayoloji yeeMoletyhuli neBhayotekhnoloji; i-BAgric kwiiMveliso zezoLimo noLawulo lwezoLimo (Elsenburg) nalapho kugxilwa khona kuLawulo lwamaGumbi aPhantsi koMhlaba okuGcina uKutya neeWayini neTekhnoloji yamaGumbi aPhantsi koMhlaba okuGcina uKutya neeWayini.

**Amathuba amakhondo emisebenzi:** Ukuba ngumezni weewayini, ukuba ngumlimi womdiliya, ukuba yingcali yeemvakalelo, ukuba yingcali yebhayotekhnoloji yeewayini, ukuba ngumhlalutyi waselebhu, ukuba ngumphandi, ukuba ngumlawuli wokwenziwa kweemveliso, ukuba ngumthengisi, ukuba ligcisa, ukuba ngumcebisi okanye usomashishini kushishino olunxulumene neewayini.

## IiNkqubo zeKharityhulam eyaNdisiweyo (iiECP)

I-ECP iqulathe unyaka wokufunda omnye owongezelelekileyo. Ngaphandle kweBAgric kwezoKwenziwa kweeMveliso zezoLimo noLawulo lwezoLimo: (inikezelwa liZiko loQeqesho kwezoLimo laseElsenburg) neBSc kwiNzululwazi ngoKutya zonke ezi nkqubo zilapha ngentla ziyafumaneka nazo njengeenkqubo zekharityhulam eyandisiweyo.

Inqaku leziphumo zeNSC elingama60% lilonke ubuncinane (ngaphandle kweLife Orientation)
IsiNgesi OKANYE isiAfrikansi (njengoLwimi lwaseKhaya okanye njengoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo) 50%
KWAYE
Uthobele enye kwezi ndityaniso zilandelayo:

| **Udityaniso 1** | **Udityaniso 2** |
|---|---|
| Imathematiksi ibe phakathi **kwama55% nama59,9%**<br>IiNzululwazi zokuBambekayo (IFiziksi neKhemistri) ≥ 50% | IMathematiksi **≥ 60%**<br>IiNzululwazi zokuBambekayo (IFiziksi neKhemistri) **ibe phakathi kwama45% nama49,9%** |

I-BScFor (IiNzululwazi ngeeNkuni neeMveliso zeeNkuni):

| **Udityaniso 1** | **Udityaniso 2** |
|---|---|
| IMathematiksi ibe phakathi **kwama60% nama69,9%**<br>IiNzululwazi zokuBambekayo (IFiziksi neKhemistri) **≥ 60%** | IMathematiksi **≥ 70%**<br>IiNzululwazi zokuBambekayo (IFiziksi neKhemistri) **ibe phakathi kwama55% nama59,9%** |

# IFAKHALTHI **YEZOBUGCISA NEENZULULWAZI NGEZENTLALO**

Isatifiketi esiKhulu seSizwe (NSC) okanye isatifiketi sokuphuma esikolweni esisuka kwiBhodi yeeMviwo eziMeleyo (IEB) ngokugunyaziswe ngabeUmalusi esinenqaku elikwinqanaba 4 (ama**50%**) ubuncinane kwisifundo ngasinye kwezi zifundo zasesikolweni zikolu luhlu lwezifundo zasesikolweni: iAkhwuntingi; iiNzululwazi ngezoLimo; iZifundo ngezoShishino; iZifundo ngaBathengi; ezobuGcisa zeMidlalo yeQonga; ezoQoqosho; ezobuNjineli beMizobo noYilo; iJiyografi; ezeeMbali; iTekhnoloji yeeNgcaciso (IT); iiNzululwazi ngeZinto eziPhilayo; iMathematiksi; iMathemetiksi yakwiiMeko zaseBomini; uMculo; iiNzululwazi ngokuBambekayo; iZifundo zezeNkolo; ezobuGcisa eziBonakalayo; iiLwimi (ulwimi olunye lokufunda nokufundisa kwiziko lemfundo ephakamileyo nezinye iilwimi ezizifundo eziqatshelwayo).

Kananjalo jonga nezikhokelo zokukhethelwa ukuba ungene kule Fakhalthi ku**www.maties.com > Apply > Admission and selection requirements.**

## IIKQUBO ZEEDIGRI JIKELELE

### I-BA kwiZifundo ezingoBuntu# (iminyaka emi3)

- Inqaku leziphumo zeNSC elingama**63%** lilonke ubuncinane (ngaphandle kweLife Orientation)
- ULwimi lwaseKhaya **50%**
- ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo **40%**

*Ukuba uthatha uLwazi lweeNkcukacha ngamaQumrhu (Organisational Informatics) njengesifundo saseyunivesithi, ke kwakhona:*
- IMathematiksi **50%** OKANYE iMathemetiksi yakwiiMeko zaseBomini **70%**

**Inkqubo eyelelene nayo:** digri yeBA

**Amathuba amakhondo emisebenzi:** Izifundo ezininzi ekunokukhethwa kuzo ezigxile kwelinye lala makhondo mabini. Uqeqesho olulolunye lwasemva kokuthweswa isidanga lukulungiselela imisebenzi efana nokuba ngutitshala, ngugqirha wengqondo, yingcali yolwimi, yintatheli nomcwangcisi weedolophu nemimandla.
**Amakhondo:** iiNgcinga zaBantu, uLwimi, iNkcubeko nobuGcisa; aBantu noLuntu

### I-BA kwezoLwimi neNkcubeko# (iminyaka emi3)

- Inqaku leziphumo zeNSC elingama**63%** lilonke ubuncinane (ngaphandle kweLife Orientation)
- Ulwimi lwaseKhaya **50%**
- ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo **50%**

**Iinqkubo eziyelelene nayo:** i-BA kwiZifundo ezingoBuntu; i-BA kwiZifundo ezingaMazwe ngaMazwe; i-BA kwiZifundo ezingezoPolitiko, iFilosifi nezoQoqosho.
**Amathuba amakhondo emisebenzi:** Amakhondo emisebenzi afuna ubuchule kwiilwimi nenkcubeko, iinkonzo zemicimbi yabantu namazwe ngamazwe, ukufundisa, ukupapasha, ukuthengisa, ezokhenketho, ubuntatheli nomsebenzi woguqulo lweelwimi.

## IINKQUBO ZEEDIGRI EZIKHETHEKILEYO

### I-BA kwezoPhuhliso nokusiNgqongileyo# (iminyaka emi3)

- Inqaku leziphumo zeNSC elingama**63%** lilonke ubuncinane (ngaphandle kweLife Orientation)
- ULwimi lwaseKhaya **50%**
- ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo **40%**

*Ukuba uthatha ezoQoqosho njengesifundo saseyunivesithi, kufuneka kananjalo:*
- IMathematiksi **60%**

**Iinkqubo eziyelelene nayo:** I-BSc kwezoLwazi ngeJiyografi; i-BSc kwiNzululwazi ngoMhlaba; i-BCom (iiNzululwazi zezoLawulo): kuGxilwe kwezoLawulo loLuntu noPhuhliso; iDiploma kwezoPhuhliso oluluQilima.
**Amathuba amakhondo emisebenzi:** Amakhondo emisebenzi anokubakho kwezophuhliso loluntu, uphuhliso lwabantu, ucwangciso lweedolophu nemimandla, ezokhenketho, ucwangciso nolawulo lwemithombo yoncedo, nocwangciso nolawulo lokusingqongileyo kwicandelo likawonkewonke nakwicandelo labucala.

## I-BA kwezeMidlalo yeQonga neZifundo ngeThiyetha (iminyaka emi3)

- Inqaku leziphumo zeNSC elingama**65%** lilonke ubuncinane (ngaphandle kweLife Orientation)
- ULwimi lwaseKhaya **60%**
- ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo **50%**

Okufunekayo ukuze ukhethwe kuyafumaneka kuwww.maties.com > Apply > Application documents; okanye ku-akg@sun.ac.za. Abagqatswa kufuneka babe bayafumaneka ukuze benze uphicotho kunye/okanye udliwanondlebe kwiCandelo lezeMidlalo yeQonga eStellenbosch ngenyanga yeThupha.

**Amathuba amakhondo emisebenzi:** Esi siqinisekiso semfundo siyakuxhobisa ukuze ulungele ukungena kwikhondo lomsebenzi wasethiyetha nakwimisebenzi yezonxibelelwano, kwaye sikunika ufikelelo kwiinkalo ezinxulumene nezo ezifana nezemicimbi yoluntu, ezokuthengisa, ukufundisa nemicimbi yezeenkcubeko.

**Amakhondo:** UQeqesho lokuba nguMdlali weQonga; uQeqesho lezobuGcisa noLawulo

## I-BA kwezoLawulo lweMithombo yoNcedo yaBasebenzi# (iminyaka emi3)

- Inqaku leziphumo zeNSC elingama**63%** lilonke ubuncinane (ngaphandle kweLife Orientation)
- ULwimi lwaseKhaya **50%**
- ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo **40%**
- IMathematiksi **50%** OKANYE iMathemetiksi yakwiiMeko zaseBomini **70%**

**Iinkqubo eziyelelene nayo:** I-BCom (iiNzululwaze ngezoLawulo): kuGxilwe kwezoLawulo lweMithombo yoNcedo yaBasebenzi; i-BCom (iSayikholoji yakwezoShishino)

**Amathuba amakhondo emisebenzi:** Ukuba ngumlawuli kwezophuhliso, ukuba ngumphathi kwezemithombo yoncedo yabasenenzi, ukuba yingcali yeemvavanyo kwisayikholoji, ukuba ngumcebisi wabaphathi nengcali yezemicimbi yabasebenzi. Ikhokelela kwizifundo zabo sele bezizithwalandwe kwezoLawulo leMithombo yoNcedo yaBasebenzi okanye kwiSayikholoji yakwezoShishino.

## I-BA kwiZifundo ngaMazwe ngaMazwe# (iminyaka emi3)

- Inqaku leziphumo zeNSC elingama**63%** lilonke ubuncinane (ngaphandle kweLife Orientation)
- IsiNgesi njengoLwimi lwaseKhaya **50%** OKANYE isiNgesi njengoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo **60%**

**Iinkqubo eziyelelene nayo:** I-BA kwiZifundo ezingoBuntu; i-BA kwezeeLwimi neNkcubeko; i-BA kwiZifundo zezoPolitiko, iFilosofi nezoQoqosho; i-BCom (kwezoShishino lwakuMazwe ngaMazwe).

**Amathuba amakhondo emisebenzi:** Inkonzo yezemicimbi yabantu namazwe ngamazwe, ipalamente, iArhente yobuKrelekrele yeSizwe, ushishino lwezokhenketho, ubuntatheli bakumazwe ngamazwe, umsebenzi wokuba ngumnxibelelanisi woluntu, ushishino lweempahla ezingenayo neziphumayo elizweni, namaziko aphakamisa urhwebo notyalomali (umz. Iwesgro), imibutho yakumazwe ngamazwe (efana neUN, iAmmesty International, neWorld Economic Forum).

## I-BA kwezoMthetho (iminyaka emi3)

Jonga i-BA (ezoMthetho) phantsi kweFakhalthi yezoMthetho, iphepha 11.

## IBhatshela yezoMculo (BMus) (iminyka emi4)

- Inqaku leziphumo zeNSC elingama**60%** lilonke ubuncinane (ngaphandle kweLife Orientation)
- ULwimi lwaseKhaya **50%**
- ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo **40%**
- Kwisixhobo somculo esiphambili (okanye ekuculeni) umgangatho ophathekayo ubuncinane kumculo weklasikhi nolingana novavanyo lweGrade VII nolwazi lweethiyori olulingana nalo naluphi na uviwo lweethiyori lweGrade V lwamaqumrhu avavanyayo.
- Abagqatswa kufuneka bafumaneke ukuze benze uphicotho novavanyo lweethiyori kwiSebe loMculo eStellenbosch, nalapho abagqatswa kufuneka babonakalise ubungqina bemigangatho eyimfuneko. Emva kokufumana isicelo sakho siza kukuthumelela ingcaciso emalunga nophicotho olo. Ingcaciso ethe vetshe ifumaneka ku-auditions@sun.ac.za

*Ukuba uthatha iMathematiksi njengesifundo saseYunivesithi, kufuneka kananjalo:*
- IMathematiksi **70%**

**Amathuba amakhondo emisebenzi:** Ukuba ngumntu ofundisa ngomculo (umhlohli okanye utitshala), igcisa elidala emaqongeni, ukuba ngumkhaphi wezinye iimvumi, umlawuli wezomculo, ingcali yezomculo, umqambi weengoma okanye umphathi weekwayara. Imisebenzi enxulumene nomculo efana nokuba yintatheli, ukuba ngumlungelelanisi womculo okanye ingcali yetekhnoloji enxulumene nomculo.

**Iinkalo zokufundwayo emva kokuthweswa izidanga:** imfundo ngezomculo, ukudlala eqongeni, ukuba ngumkhaphi wezinye iimvumi, ukuba yimvumi eziculela yodwa okanye ukuba ngumdlali wesixhobo somculo ozidlalela yedwa, ubungcali kwezomculo, ukuqamba iingoma, itekhnoloji enxulumene nomculo, ukufunda ngomculo weenkcubeko ezahlukahlukeneyo nokuphatha iikwayara.

**Amakhondo:** Mfundo ngezoMculo; ubuNgcali kwezoMculo; iTekhnoloji enxulumene noMculo; ukuDlala emaQongeni; ukuQamba iiNgoma

## I-BA kwezoMculo (iminyaka emi3)

- Inqaku leziphumo zeNSC elingama**60%** lilonke ubuncinane (ngaphandle kweLife Orientation)
- ULwimi lwaseKhaya **50%**
- ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo **40%**
- Kwisixhobo somculo esiphambili (okanye ekuculeni) umgangatho ophathekayo ubuncinane kumculo weklasikhi nolingana novavanyo lweGrade VII nolwazi lweethiyori olulingana nalo naluphi na uviwo lweethiyori lweGrade V lwamaqumrhu avavanyayo.
- Abagqatswa kufuneka bafumaneke ukuze benze uphicotho novavanyo lweethiyori kwiSebe loMculo eStellenbosch, nalapho abagqatswa kufuneka babonakalise ubungqina bemigangatho eyimfuneko. Emva kokufumana isicelo sakho siza kukuthumelela ingcaciso emalunga nophicotho olo. Ingcaciso ethe vetshe ifumaneka ku-auditions@sun.ac.za

*Ukuba uthatha iMathematiksi njengesifundo saseYunivesithi, kufuneka kananjalo:*
- IMathematiksi **70%**

**Amathuba amakhondo emisebenzi:** Ukuba ngumhlohli wezifundo zomculo wabucala, ukuba ngumphathi weekwayara, ukuba ligcisa elidlala emaqongeni okanye ukuba ngumkhaphi wezinye iimvumi. Xa uthe waphinda wafunda nangakumbi ungangena kweminye imisebenzi enxulumene nomculo efana nokuba yintatheli yezomculo, ugqirha woluleko kwezomculo okanye utitshala wasezikolweni zamabanga aphezulu. Izifundo zasemva kokuthweswa isidanga kwizifundo ozikhethileyo zinokuthi zikuvulele ananye amakhondo emisebenzi.

## IDiploma kwezoMculo eziPhathekayo (iminyaka emi3)

- ISatifiketi esiKhulu seSizwe esinenqaku elingama**40%** kwisifundo ngasinye kwizifundo zasesikolweni ezine (ngaphandle kweLife Orientation).
- Kwisixhobo somculo esiphambili (okanye ekuculeni) umgangatho ophathekayo ubuncinane kumculo weklasikhi nolingana novavanyo lweGrade VII nolwazi lweethiyori olulingana nalo naluphi na uviwo lweethiyori lweGrade V lwamaqumrhu avavanyayo.
- Abagqatswa kufuneka bafumaneke ukuze benze uphicotho novavanyo lweethiyori kwiSebe loMculo eStellenbosch, nalapho abagqatswa kufuneka babonakalise ubungqina bemigangatho eyimfuneko. Emva kokufumana isicelo sakho siza kukuthumelela ingcaciso emalunga nophicotho olo. Ingcaciso ethe vetshe ifumaneka ku-auditions@sun.ac.za

**Amathuba amakhondo emisebenzi:** Ukuba ngutitshala wezixhobo zomculo okanye wokucula, ukuba ngumphathi weekwayara, ukuba ngumdlali weogani ecaweni, ukuba ligcisa elidlala emaqongeni okanye imvumi ekwiokhestra.

## IDiploma ePhucukileyo kwezoMculo eziPhathekayo (unyaka o1)

- Kufuneka ube unayo iDiploma (kwezoMculo eziPhathekayo), okanye esinye isiqinisekiso semfundo kwezomculo ngokugunyaziswe yiSeneyithi.
- Uya kukhethwa ngokusekelwe kuphicotho lokukhetha. Ukuba awunazo iziqinisekiso zemfundo eziyimfuneko, unokwamkelwa ngokuxhomekeke kumqathango wokuba wenze umsebenzi owongezelelweyo.
- Abagqatswa kufuneka bafumaneke ukuze benze uphicotho novavanyo lweethiyori kwiSebe loMculo eStellenbosch, nalapho abagqatswa kufuneka babonakalise ubungqina bemigangatho eyimfuneko. Emva kokufumana isicelo sakho siza kukuthumelela ingcaciso emalunga nophicotho olo. Ingcaciso ethe vetshe ifumaneka ku-auditions@sun.ac.za

**Amathuba amakhondo emisebenzi:** Ukuba ligcisa elidlala emaqongeni, ukuba yimvumi ekhapha ezinye iimvumi, ukuba ngutitshala womculo okanye umphathi weekwayara. Izifundo zingavumela ukuba uthathwe kwiBMus nalapho unokugxila kwiMfundo ngezoMculo, ekuDlalweni koMculo kuMculo wamaQela oMculo aDlala iZixhobo zoMculo okanye ukuba nguMkhaphi weZinye iiMvymi, ekubeni yiMvumi eCula Yodwa okanye uMdlali weSixhobo soMculo oDlala Yedwa, kuFundonzulu ngoMculo, ekuQambeni iiNgoma, kwiTekhnoloji eNxulumene noMculo, kuMculo waseCaweni, kwiZifundo ngoMculo weeNkcubeko ezaHlukahlukeneyo okanye ekuPhatheni iiKwayara.

### ISatifiketi esiPhakamileyo kwezoMculo (unyaka o1)

- ISatifiketi esiKhulu seSizwe
- Kwisixhobo somculo esiphambili (okanye ekuculeni) umgangatho ophathekayo ubuncinane kumculo weklasikhi nolingana novavanyo lweGrade V/VI nolwazi lweethiyori olulingana nalo naluphi na uviwo lweethiyori lwamaqumrhu avavanyayo.
- Abagqatswa kufuneka bafumaneke ukulungiselela uphicotho. Ingcaciso ethe vetshe ifumaneka ku-auditions@sun.ac.za.

**Amathuba amakhondo emisebenzi:** Ungaphucula umgangatho weeprojekthi zomculo zasekuhlaleni. Esi siqinisekiso semfundo singakulungiselela ukuba wenze iDiploma kwezoMculo eziPhathekayo okanye enye yeenkqubo zeedigri zomculo, xa uzithobela zonke iimfuno zokuba ungene kwezo nkqubo.

### I-BA kwiZifundo zezoPolitiko, iFilosofi nezoQoqoqsho (PPE) (iminyaka emi3)

- Inqaku leziphumo zeNSC elingama**63%** lilonke ubuncinane (ngaphandle kweLife Orientation)
- ULwii lwaseKhaya **50%**
- ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo **40%**
- IMathematiksi **60%**

**Iinkqubo eziyelelene nayo:** I-BA kwiZifundo ezingoBuntu; i-BA kwiiLwimi neNkcubeko; i-BA kwiZifundo ngaMazwe ngaMazwe; i-BCom (iiNzululwazi zezoQoqosho); i-BCom (uShishino lwakuMazwe ngaMazwe); iBhatshela yeNzululwazi yeDatha (BDatSci): kuGxilwe kwiiNdlela zokuziPhatha kwezoQoqosho

**Amathuba amakhondo emisebenzi:** Ukuba ngumphathi, ukuba yintatheli, ukuba ngumhlalutyi wezoshishino okanye wezotyalomali, ukuba ngusomashishini, ukuba ngumchopheli wezemicimbi yabantu okanye yamazwe ngamazwe, ukuba ngumsebenzeli woluntu, ukuba ngumphandi, ukuba ngumcebisi okanye umsebenzi kwezemfundo.

### IBhatshela yobuNontlalontle (iminyaka emi4)

**Zili100 izithuba ezikhoyo kule nkqubo.**
- Inqaku leziphumo zeNSC elingama**63%** lilonke ubuncinane (ngaphandle kweLife Orientation)
- ULwimi lwaseKhaya **50%**
- ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo **50%**

**Inkqubo eyelelene nayo:** BTh (iBhatshela yezeNkolo)

**Amathuba amakhondo emisebenzi:** Oonontlalontle kumasebe karhulumente, imibutho engenzi nzuzo, amaziko abantu abanezidingo ezikhethekileyo, izikolo, izibhedlele, iimeko zasemisebenzini, nemisebenzi yabucala. Can also practice internationally.

### I-BA kwezobuGcisa eziBonakalayo (iminyaka emi4)

**Kukho izithuba ezilingene abafundi abangama60.**
- Inqaku leziphumo zeNSC elingama**60%** lilonke ubuncinane (ngaphandle kweLife Orientation)
- ULwimi lwaseKhaya **50%**
- ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo **40%**
- Ngenisa ipotifoliyo yobugcisa emiselweyo ungagqithanga umhla wo**1 kweyoMsiutsi.** Ingcaciso iyafumaneka ku-www. maties.com > Apply > Application documents.

**Amathuba amakhondo emisebenzi:** PUkuba ligcisa elizobayo okanye elipeyintayo, ukuba ngutitshala wezobugcisa, ukuba ngumyili wegrafiki, ukuba ngumzobi woopopayi, ukuba ngumyili nomenzi wobucwebe, ukuba ngumhlalutyi wezobugcisa okanye umqulunqi weethiyori zobugcisa. Imisebenzi enxulumene nale: ukuba ngumyili wamaqonga, ukuba ngumyili weencwadi, ukuba ngumgcini wemyuziyam, ukuba ngumnonopheli wemyuziyam okanye wegalari yezobugcisa, ukuba ngumthengisi wezobugcisa, ukuba ngusomashishini wezobugcisa, ukuba yingcali yobucwebe, ukuba yingcaphephe yezobugcisa ekwenziweni kwemifanekiso eqingqiweyo, ukuwelda, ukubumba izinto ezenziwe ngentsimbi enyibilikileyo, ilithografi kwakunye neenkalo ezifana nokuveliswa kwemibonisobhanyabhanya, ulawulo lwezobugcisa, ukufota nokwenziwa kweentengiso.

**Amakhondo:** sUbuGcisa bokuZoba nokuPeyinta; uYilo lobuCwebe neeNtsimbi; uYilo lwezoNxibelelwano oluBonakalayo

### IBhatshela yeNzululwazi yeDatha (BDatSci) (iminyaka emi4)

Le yinkqubo efumaneka kwiifakhalthi ezingaphezu kwenye.
- Inqaku leziphumo zeNSC elingama**80%** lilonke ubuncinane (ngaphandle kweLife Orientation)
- IMathematiksi **80%**
- IsiAfrikansi njengoLwimi lwaseKhaya **60%** OKANYE isiNgesi njengoLwimi lwaseKhaya **60%** OKANYE isiAfrikansi njengoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo **75%** OKANYE isiNgesi njengoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo **75%**

Ekugxilwe kuko
**- ULwazi ngezeJiyografi**

**Amathuba amakhondo emisebenzi:** Ulwazi ngezeJiyografi yinzululwazi netekhnoloji yokujongana nokwakheka nobunjani bengcaciso ngeendawo, ukufunyanwa kwayo, ukwahlulahlulwa kwayo ngokufaneleka kwayo, ukugcinwa kwayo, ukusetyenzwa kwayo, ukuboniswa nokuhanjiswa kwayo.

### # Iinkqubo zeKharityhula eyandisiweyo (iminyaka emi4)

Ziyafumaneka kuzo zonke iinkqubo eziphawulwe nge#. Abafundi bakhethelwa ukuba bangene kwiinkqubo zekharityhulam eyandisiweyo ngokuxhomekeke kwiFakhalthi.

# IFAKHALTHI **YEENZULULWAZI ZEZOQOQOSHO NOLAWULO**

Abafakazizicelo ababufezekisayo ubuncinane boko kufunekayo ukuze umntu athathwe bakhethwa ngokwezikhokelo zale fakhalthi ku**www. maties.com > Apply > Admission and selection requirements.**

## INKQUBO YEDIPLOMA YABO BANGEKABI ZIZITHWALANDWE

### IDiploma kwezoPhuhliso oluluQilima (iminyaka emi3)

Ikomiti ikhetha abafakizicelo ngokusekelwe kwinqaku elidityanisiweyo. Elo nqaku lidityanisiweyo liphuma ekufaneleken ngokwezemfundo (umndilili weNSC), kwaye umdla namava owabonakalisayo kwizinto eziphambili (kubonakaliswa kwifomu yesebe yokufaka isicelo). Iinkalo eziphambili ziquka uphuhliso oluluqilima, ubulungisa kwezentlalo nakokusingqongileyo, indlela yokucinga ngokwezoshishino, ubuchule nobunkokheli. Ulwimi ekuhlolwa ngalo sisiNgesi.

- Inqaku leziphumo zeNSC elingama**55%** lilonke ubuncinane (ngaphandle kweLife Orientation)
- IsiNgesi njengoLwimi lwaseKhaya **50%** OKANYE isiNgesi njengoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo **60%**
- IMathematiksi **50%** OKANYE iMathematiksi yakwiiMeko zaseBomini **60%** OKANYE iMathematiksi **40%** okanye iMathematiksi yakwiiMeko zaseBomini **50%** nama**60%** kwimeko yeZifundo ngezoShishino okanye ezoQoqoqsho neAkhawuntingi

**SIinkqubo eziyelelene nayo:** I-BA kwezoPhuhliso nokusiNgqongileyo; i-BSc kwezoLwazi ngeJiyografi; i-BCom (iiNzululwazi ngezoLawulo): kuGxilwe kuLawulo loLuntu noPhuhliso.

**Amathuba amakhondo emsibenzi:** Le Diploma iza kwakha ubuchule bakho kwezoshishino nasekubeni ngusomashishini. Oosomashishini ngabantu abazicingelayo ngokuzimeleyo abadala ulwazi lwabo nezakhono zabo ukudala amathuba engqesho ukulungiselela bona buqu nabanye abantu. Oosomashishini ngabantu abasungula izinto ezintsha, asebenza ngezenzo, abazikhuthaza ngokwabo buqu nabazisa utshintsho olutsha kwimibutho nakwiinkampani. Amathuba emisebenzi kwiinkampani ezimsebenzi wazo ungqamene neeNjongo zoPhuhliso oluLuqimima.

## IINKQUBO ZEEDIGRI EZIGXILE KWEZOMTHETHO

Ukuze ujonge okufunekayo ukuze uthathwe, jonga phantsi kweFakhalthi yezoMthetho kwiphepha 11.

- I-BCom (ezoMthetho) (iminyaka emi3)
- I-BAccLLB (iminyaka emi5)

## IINKQUBO ZEEDIGRI EZIMBAXA NEZIGXILE KUMAKHONDO EMISEBENZI AHLUKAHLUKENEYO

### I-BCom (iiNzululwazi ngezoQoqosho) (iminyaka emi3)

- Inqaku leziphumo zeNSC elingama**65%** lilonke ubuncinane (ngaphandle kweLife Orientation)
- IMathematiksi **60%**
- IsiNgesi njengoLwimi lwaseKhaya **50%** OKANYE isiAfrikansi njengoLwimi lwaseKhaya **50%** OKANYE isiAfrikasni njengoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo **70%** OKANYE isiNgesi njengoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo **70%**

Ukuze ubhalisele ukungena kwiinkalo ekugxilwe kuzo kwiCandelo leIkhonometriksi nezeziMali, kufuneka ube nenqaku leMathematiksi lakwiBanga le12 ezlingama**70%** okanye elingaphezu koko njengoko kufuneka ukulungiselela iNzululwazi yeZibalo neeNkcukachamanani (Acturial Science) 112 (imodyuli enyanzelekileyo) kwezi nkalo kugxilwa kuzo). Qaphela ukuba le mfuno iyasebenza nakwiiNzululwazi zezoQoqosho jikelele ukuba ufuna ukubhalisela iNzululwazi yeZibalo neeNkcukachamanani.

Iinkalo ekugxilwe kuzo
**- I-Ikhonometriksi**
**- UNikezelo lweeNgcebuso ngezoQoqosho noLawulo**
**- ICandelo lezeziMali**
**- EzoQoqosho kwezoThutho**

**iinkqubo eziyelelene nayo:** I-BScAgric kwezoQoqosho kwezoLimo; i-BA kwiZifundo zezoPolitiko, iFilosofi nezoQoqosho (iPPE); i-BCom (iiNzululwazi ngezoLawulo); i-BCom (iiNzululwazi ngeMathematiksi); iBhatshela yeNzululwazi ngeDatha (BDatSci): kuGxilwe kwiiNdlela zokuziPhatha ngokwezoQoqoqsho

**Amathuba amakhondo emisebenzi:** EzoQoqosho zivula amathuba amakhondo emisebenzi amaninzi ekunokukhethwa kuwo. Nangona amanye amakhondo emisebenzi efuna ukuba ube wenze izifundo zasemva kokuthweswa isidanga zezoQoqosho ne-Ikhonometriksi, amava abonakalise ukuba iziqinisekiso zemfundo zabo bangekabi zizithwalandwe kwezoQoqosho ziza neziphumo ezihle kumakhondo emisebenzi kwimeko yezoshishino nakwicandelo likawonkewonke. Kwezoshishino, uqoqosho lweshishini ngalinye lulo olukhokelela ekwenziweni kwezigqibo eziqiqileyo kwishishini elo ngelixa uqoqosho olumbaxa lubonelela ngokuqondwa kwemekobume leyo ishishini elo lisebenza phakathi kuyo. Ukwenza ezoQoqosho njengemodyuli ephambili kunokuthi kananjalo kuphuhlise amathuba okonyuselwa kumasebe karhulumente. EzoQoqosho zidala namathuba obutitshala kwaye ukuzenza kuyacebiseka kubafundi abanqwenela ukuthatha ikhondo lomsebenzi wobuntatheli.

## I-BCom (iiNzulululwazi ngezoLawulo) (iminyaka emi3)

- Inqaku leziphumo zeNSC elingama**65%** lilonke ubuncinane (ngaphandle kweLife Orientation)
- IMathematiksi **60%**
- IsiNgesi njengoLwimi lwaseKhaya **50%** OKANYE isiAfrikansi njengoLwimi lwaseKhaya **50%** OKANYE isiAfrikansi njengoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo **70%** OKANYE isiNgesi njengoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo **70%**

### Iinkalo ekugxilwe kuzo

- EzoQoqosho kwezoLimo
- EzoHlalutyo loShishino
- ULawulo lwezobuSomashishini noBuchule bokuSungula iZinto eziNstha
- ULawulo lwezeziMali
- UCwangciso lwezeziMali
- ULawulo lweMithombo yoNcedo yaBasebenzi
- ULawulo lweeNkqubo zeeNgcaciso
- ULaulo loTyalomali
- ULawulo lwezamaLungiselelo noThungelwano lweMisebenzi
- ULawulo lwezokuThengisa
- ULawulo loLuntu noPhuhliso

**Iinkqubo eziyelelene nayo:** I-ScAgric kwezoQoqosho kwezoLimo; i-BAgric kuLawulo kuShishono lwezoLimo; i-BA in kwezoPhuhliso nokusiNgqongileyo; i-BA kuLawulo lweMithombo yoNcedo yaBasebenzi; BCom (iiNzululwazi zezoQoqosho); i-BCom (iiNzululwazi ngeMathematiksi); BCom (uShishino lwakuMazwe ngaMazwe).

**Amathuba amakhondo emisebenzi:**
**Ezoqoqosho kwezolimo:** Amakhondo emisebenzi aquka ubusomashishini, ulawulo jikelele, ulawulo lwezezimali nolawulo lwezamalungiselelo ukulungiselela ubonelelo ngegalelo neenkonzo zezolimo, ukulungiselela ukusetyenzwa nokuhanjiswa kweemveliso zezolimo, nokulungiselela ezezimali kwezolimo.
**EzoHlalutyo loShishino:** Amakhondo emisebenzi kwiinkalo zobukrelekrele kwezoshishino, ukuba ngumcebisi, ezohlalutyo oluphucukileyo, uphando kumacandelo ahlukahlukeneyo afana neebhanki, iinkampani zeevenkile namaziko ophando.
**Ubusomashishini nobuchule bokusungula izinto ezintsha:** Le nkalo kugxilwa kuyo ikufundisa iindlela zokuzidalela awakho amathuba emisebenzi nokwenza amagalelo angobuchule kumashishini. Ukuba unomdla ekubeni yinxalenye yeqela loosomashishini kunye/okanye lobuchule bokusungula izinto ezintsha lombutho ungba nomdla kule nkalo kugxilwe kuyo.
**Ulawulo lwezezimali:** Nokuba ucinga ukuqala elakho ishishini okanye ukusebenzela inkampani enkulu, ulwazi oluvakalayo lolawulo lwezezimali lubalulekile ukulungiselela impumelelo. Landela ikhondo lomsebenzi njengomhlalutyi wotyalomali, umhlalutyi wezezimali, umlawuli wemingcipheko, umlawuli wezezimali, umcebisi nezezi.
**UCwangciso lezeziMali:** Esi sifundo silungele abo banomdla kwikhondo lomsebenzi njengomcwangcisi wezezimali oqeqeshiweyo okanye umcebisi kwicandelo leenkonzo zezezimali (kwinkampani yeinshorensi, kumsebenzi weenkonzo zezezimali ozimeleyo, okanye kwicandelo leebhanki). Sikwajoliswe nakwabo banomdla kwikhondo lomsebenzi njengomlawuli wobutyebi, umthengisi weinshorensi, umcebisi, ingcali yeinshorensi okanye umlawulo wobudlelwane nabathengi.
**Ulawulo lwemithombo yoncedo yabasebenzi:** Oku kukhokelela kubhaliso olungamiselwanga njengengcali yemithombo yoncedo yabasenenzi kwiBhodi yoMzantsi Afrika yeMisebenzi yaBantu. Landela ikhondo lomseenzi lokusebenza njengomphathi wabasebenzi, umphandi wezokuthengisa, umphathi wezoqeqesho, umcebisi okanye umphathi wezemicimbi yabasebenzi. (Ukuze ubfumane ingcaciso malunga nobhaliso njengengcali yeemvavanyo zesayikholoji okanye njengogqirha wengqondo kwezoshishino, jonga i-BCom (iSayikholoji kwezoShishino).)

**Ulawulo lweenkqubo zeengcaciso:** Iitekhnoloji zolwazi ngamaqhinga neenkqubo zemibutho ezihlanganisiweyo zokuphucula ukwenziwa kweemveliso, ukusebenza kakuhle kunye (ngamanye amaxesha) nobuchule bokusungula izinto ezintsa.
**Ulawulo lotyalomali:** Ukulungiselela abo banomdla kwikhondo lomsebenzi lokusebenza njengomlawuli wotyalomali, umhlalutyi wotyalomali, umthengisi weinshorensi, umlawuli weepotifoliyo okanye umlawuli weeasethi kwifemu yolawulo lotyalomali, amashishini angobanjiswano amakhulu, ithrasti, okanye ifawundeyishini.
**Ulawulo lwezamalungiselelo:** Umlawuli wezamalungiselelo ucwangcisa aze alawule uhanjiso nogcino olusebenza kakuhle lweemveliso, iinkonzo nengcaciso enxulumene nazo ukusuka kwindawo leyo ziqala kuyo ukuya kwindawo eziza kusetyenziswa kuyo. Izikhundla ezikule nkalo ziquka uMhlalutyi wokuChongwa kweMithombo, uMlungelelanisi weeMpahla eziKhutshelwa ngaPhandle, uMcwangcisi weeMfuno, uMlawuli weeKhontrakthi, uMlawulo woBonelelo namaLungiselelo, uMlawulo weMisebenzi yeeProjekthi, noMlawuli weMisebenzi.
**Ulawulo lwezokuthengisa:** Kule nkalo, uza kuzibandakanya nemisebenzi yokuthengisa eyahlukahlukeneyo efana nokwenza izigqibo ngeemveliso, ukumisela amaxabiso, uhanjiso lweemveliso okanye iinkonzo, ukwenza iintengiso nokwazisa uluntu malunga neemveliso okanye iinkonzo. Amakhondo emisebenzi anokubakho kukuba ngumphathi wezokuthengisa, umphathi weentengiso, umlawuli wezabathengi nomlawuli wokwenziwa kweentengiso.
**Ulawulo loluntu nophuhliso:** Amakhondo emisebenzi kwezolawulo kumacandelo kawonkewonke, amacandelo angengawo akarhulumente namacandelo ophuhliso, afana nokuba ngumlawuli jikelele, umlawuli wezicwangcisomaqhinga, umphathi wabasebenzi, umlawuli weeprojekthi okanye weenkqubo. Ukuba ngumcwangcisi wophuhliso, umphuhlisi woluntu okanye ingcali kuphando lwemigaqonkqubo nolawulo nokuba ngumcebisi.

## I-BCom (iiNzululwazi zezoLawulo) iNkqubo yeKharityhulam eyaNdisiweyo (iECP) (iminyaka emi4)

Le nkqubo kunikezelwa ngayo kwisithuba seminyaka emine. Kufuneka ufezekise ubuncinane boko kufunekayo ukuze uthathwe kwaye uya kufumana ukukhethwa kuqala kunabanye ukuba uyazifezekisa neemfuno zemo yezentlalo nezoqoqosho (SES) zomgaqonkqubo wokuthathwa wale Yunivesithi nomgangatho weSES njengoko umiselwe yile Yunivesithi. **Ngabafundi abamalunga ne100 abanokufumana iindawo kule nkqubo kunyaka ngamnye. Abafakizicelo baza kufakwa kule nkqubo ukususela ngo2027 ukuya phambili, akukho mfakisicelo uza kuba nako ukufaka isicelo senkqubo sango2027**

- Inqaku leziphumo zeNSC elingama**60%** lilonke ubuncinane (ngaphandle kweLife Orientation)
- IMathematiksi **50%**
- IsiNgesi njengoLwimi lwaseKhaya **50%** OKANYE isiAfrikansi njengoLwimi lwaseKhaya **50%** OKanye isiAfrikansi njengoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo **70%** OKANYE isiNgesi njengoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo **70%**

Nceda uqaphele:
- Ngabemi boMzantsi Afrika kuphela abanokubhalisela le nkqubo.
- Ukuba ubukhe waziphinda naziphi na kwizifundo zakho zeBanga le12 (iNSC okanye ikharityulam elingana nayo) ukuze uphucule amanqaku akho (ngenkqubo yokuzilungiselela okanye ngayo nayiphi na indlela eyenye), awuvumelekanga ukuba ubhalise kwiECP.
- Akukho bafakizicelo abatshintshela kwenye ifakhalthi okanye iziko banokukhethelwa le nkqubo.

## I-BCom (iiNzululwazi ngeMathematiksi) (iminyaka emi3)

- Inqaku leziphumo zeNSC elingama**70%** lilonke ubuncinane (ngaphandle kweLife Orientation)
- IMathematiksi **75%**
- IsiNgesi njengoLwimi lwaseKhaya **50%** OKANYE isiAfrikansi njengoLwimi lwaseKhaya **50%** OKANYE Afrikaans isiAfrikansi njengoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo **70%** OKANYE isiNgesi njengoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo **70%**

### Iinkalo ekugxilwe kuzo

- INzululwazi ngeDatha
- ULawulo lweMingcipheko kwezeziMali
- UPhando ngezeMisebenzi

**Iinkqubo eziyelelene nayo:** IBhatshela yeNzululwazi ngeDatha (BDatSci); i-BSc kwiNzululwazi ngeeKhompyutha; i-BEng; i-BSc kwiFiziksi; i-BSc kwiiNzululwazi ngeMathematiksi; i-BSc apho kugxilwe kwezoLwazi ngeBhayoloji neBhayoloji engeeKhompyutha, okanye iiNzululwazi ngeMathematiksi ezinxulumene noNyango lweZinto eziPhilayo.

**Amathuba amakhondo omsebenzi:**
**INzululwazi ngeDatha:** INzululwazi ngeDatha ngumsebenzi

ophakathi kweenkalo zolwazi eziliqela nosebenzisa iindlela zenzululwazi, iinkqubo zenzululwazi, imigaqo yeekhompyutha neenkqubo ukucaphula ulwazi nokuqonda okusuka kwidatha eziindidi ezahlukahlukeneyo, eyakhekileyo nengakhekanga. Ubuchule bobuxhakaxhaka bale mihla, ukufunda ngemitshini, idatha enkulu – ezi ngcamango zisenzonzobileni yenzululwazi yedatha. Ukuba ninzi kakhulu kwedatha kubangela ukwanda kokuba abantu badinge ukuyiqonda kakuhle loo datha. Iinkqubo zophononongo ziye zabonakalisa ukuba uhlalutyo lweenkcukachamanani nokuqondwa kakuhle kwesatha zezona zakhono zifunwa kakhulu kwihlabathi jikelele, kwaye oko kufuneka kungaphezulu kakhulu kunokufumaneka.
**Ulawulo lwemingcipheko kwezezimali:** Abantu abathe bafumana uqeqesho kulawulo lwemingcipheko kwezezimali, kwiinkcukachamanani zemathematiksi nakwimathematiksi yezezimali bayatyunjwa ngamaziko ezezimali amakhulu njengabahlalutyi bezezimali ngobungakanani, njengabalawuli bemingcipheko kwezezimali, abalawuli beepotifoliyo nabantu abajongene nezixhobo zezezimali.
**Uphando ngezemisebenzi:** Le nkalo isebenza ngokuqhutywa kwemisebenzi ifumana izisombululo ezisekelwe kwimathematiksi zokusombulula iingxaki ezintsokothe kakhulu, ukungaqiniseki neempixano kwiifektri, kumashishini, ezibhankini, nakumacandelo emigodi nawezolimo.

## I-BCom (uShishino lwakuMazwe ngaMazwe) (iminyaka emi4)

Kukhethwa inani labafundi elinesithintelo kusetyenziswa inkqubo yokukhetha ekhethekileyo. Inkqubo yeBCom (uShishino lwakuMazwe ngaMazwe) yinkqubo yokukhetha engqongqo eneekhrayitheriya ezimiselweyo ekufuneka zifezekisiwe ukuze umntu asuke kunyaka wezifundo omnye aqhubekele komnye. Unyaka wesithathu uquka isimesta yotshentshelwano lwamazwe ngamazwe. Ulwimi ekuhlohlwa ngalo sisiNgesi.

- Inqaku leziphumo zeNSC elingama**80%** lilonke ubuncinane (ngaphandle kweLife Orientation)
- IMathematiksi **70%**
- IsiNgesi njengoLwimi lwaseKhaya **70%** OKANYE isiNgesi njengoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo **80%**

**Inkqubo eyelelene nayo:** I-BCom (iiNzululwazi zezoLawulo)

**Amathuba amakhondo emisebenzi:** Ukusebenzisana nabafundi bakumazwe ngamazwe nemarike yakwihlabathi jikelele kukulungiselela indima kwiifemu zakumazwe ngamazwe njengomlawuli wezokuthengisa, umlawuli wezezimali, usomashishini okanye umlawuli wezobuchule bokusungula izinto ezintsha.

## IBhatshela yeNzululwazi ngeDatha (BDatSci) (iminyaka emi4)

Le yinqkubo efumaneka kwiifakhalthi ezingaphezu kwenye.

- Inqaku leziphumo zeNSC elingama**80%** lilonke ubuncinane (ngaphandle kweLife Orientation)
- IMathematiksi **80%**
- IsiAfrikansi njengoLwimi lwaseKhaya **60%** OKANYE isiNgesi njengoLwimi lwaseKhaya **60%** OKANYE isiAfrikansi njengoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo **75%** OKANYE isiNgesi njengoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo **75%**

**Imimandla ekugxilwe kuyo**
- **EzoHlalutyo noGqwesiso**
- **IiNdlela zokuziPhatha ngokwezoQoqosho**
- **UkuFunda ngokweeNkcukachamanani**

**Inkqubo eyelelene nayo:** I-BCom (iiNzululwazi ngeMathematiksi)
iNkalo ekuGxilwe kuyo: iNzululwazi ngeDatha

**Amathuba amakhondo emisebenzi:**
**EzoHlalutyo noGqwesiso:** Uphando ngemisebenzi yindlela engohlalutyo yokusonjululwa kweengxaki nokwenziwa kwezigqibo okuphenjelelwa yidatha. Iingxaki ziyahlulahlulwa ukuze zibe ziinxakenye zazo ezisisiseko zize emva koko zisonjululwe ngokwamanyathelo acacisiweyo ngeendlela zemathematiksi. Abaphandi ngemisebenzi basebenzjsa ugqwesiso ngemathematiksi ukumisela okona kusebenza kakuhle phantsi kwazo naziphi na iimeko. Basebenzisa ukulinganisa ukuze bafunisele kwaye bavavanye izisombululo ngaphambi kokuba bazimilisele baze basebenzise nohlalutyo ukuze bafumanise imingcipheko nokuqonda okuluncedo, nokuze benze uqikelelo oluthembakalayo.
Ubuchule obuthiwe thaca kule nkalo bunika izazinzulu ngedatha indlela efana yodwa yokufumana izisombululo ezigqwesayo kwiingxaki zakwiimeko zokwenyani, kwaye buvula iingcango eziya kumakhondo emisebenzi afana nohlalutyo lwezoshishino nobucebisi.
**IiNdlela zokuziPhatha ngokwezoQoqosho:** Izazinzulu ngedatha amaxesha amaninzi ziye zisebenze ngedatha ebamba amabakala eendlela abaziphatha ngazo abantu neveza izigqibo ezeziwa ngabatyalizimali, abathengi, abasebenzi, abezopolitiko, iinkampani nabaphathi. Uqoqosho olusekelwe kwiindlela zokuziphatha luphanda indlela izinto ezinxulumene nesayikholoji nezunxulumene nezoqoqosho ezithi zichaphazele ngayo ezi zigqibo. Le nkalo kugxilwe kuyo iza kukuxhobisa ngezakhono, iimodeli neethiyori zokuqonda, zokuqikelela nezokuba nefuthe kwiindlela abaziphatha ngazo abantu.
**UkuFunda ngokweeNkcukachamanani:** Phantse kuzo zonke iimekobume, ukwenziwa kwezigqibo kuphenjelelwa zizixa ezikhulu zedatha, okuthetha ukuba kukho imfuneko emandla yabantu abanezakhono abanokubuqondisisa kakuhle obu buninzi bedatha. Jikelele, inzululwazi ngedatha iqulathe uqokelelo nogcino lwedatha ukwenziwa kweenguqu nosetyenziso lweegrafiki ukumela idatha nohlalutyo lwedatha ukuze kwenziwe uqikelelo noqukunjelo. Inkalo ekugxilwe kuyo yokufunda ngokweenkcukachamanani iqulathe ukuchongwa kwemkikhwa neephatheni zedatha kwaye isebenzisa zona ukwakha iimodeli zenkcukachamanani, ezinokusetyenziselwa ukuqikelela nokwahlulahlula. Lo ngumsebenzi obalulekileyo kuzo zonke iindidi zoshishino, okuthetha ukuba abantu abanezi zakhono zingokukodwa bangasebenzela ukusombulula iingxaki zakwiimeko zokwenyani ezifumaneka kwiimekobume ezahlukahlukeneyo.

# IINKQUBO ZEEDIGRI EZILUNGISELELWE UBHALISO LOOMPONDOZIHLANJIWE

## I-BCom (iNzululwazi ngeeNkcukachamanani) (iminyaka emi3)

- Inqaku leziphumo zeNSC elingama**80%** lilonke ubuncinane (ngaphandle kweLife Orientation)
- IMathematiksi **80%**
- ULwimi lwaseKhaya **60%**
- Ukuba uLwimi lwaseKhaya (kule mfuno ilapha ngentla) alusosiNgesi, kufuneka nesiNgesi njengoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo **75%**

**Iinkqubo eziyelelene nayo:** i-BCom (iiNzululwazi ngeMathematiksi)

**Amathuba amakhondo emisebenzi:** TUkuze ube yiNgcali yeeNkcukachamanani (iDlelane loLuntu loMzantsi Afrika oluziiNgcali zeeNkcukachamanani) kufuneka upase iimviwo ezilishumi elinesihlanu zebhodi yoompondozihlanjiwe kwaye ube namava omsebenzi aneleyo. Iinkqubo zophononongo zaseyunivesithi eziyimpumelelo zingakhokelela ekubeni kungabikho mfuneko yokuba uzibhale iimviwo ezininzi kwezi.

## I-BCom (iSayikholoji kwezoShishino) (iminyaka emi3)

- Inqaku leziphumo zeNSC elingama**65%** lilonke ubuncinane (ngaphandle kweLife Orientation)
- IMathematiksi **60%**
- IsiNgesi njengoLwimi lwaseKhaya **50%** OKANYE isiAfrikansi njengoLwimi lwaseKhaya **50%** OKANYE isiAfrikansi njengoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo **70%** OKANYE isiNgesi njengoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo **70%**

**Iinkqubo eziyelelene nayo:** I-BCom (iiNzululwazi zezoLawulo): kuGxilwe kwezoLawulo lweMithombo yoNcedo yaBasebenzi. Idigri yeBA kwiSayikholoji nakwiSayikholoji kwezoShishino ukuya kutsho kwinqanaba lonyaka wesithathu.

**Amathuba amakhondo emisebenzi:** Ubhaliso olungummiselo kwiBhunga leMisebenzi yezeMpilo loMzantsi Afrika (HPCSA) njengeNgcali yeeMvavanyo kwiSayikholoji okanye njengeNgcali yeSayikholoji kwezoShishino lungenzeka emva kwezifundo ezizezinye, uqeqesho lwasemsebenzini nokupasa uviwo lwebhodi yoompondozihlanjiwe olufanelekileyo.

## I-BAcc (iminyaka emi3)

- Inqaku leziphumo zeNSC elingama**70%** lilonke ubuncinane (ngaphandle kweLife Orientation)
- IMathematiksi **70%** OKANYE IMATHEMATIKSI **60%** neAkhawuntingi **70%**
- IsiNgesi njengoLwimi lwaseKhaya **50%** OKANYE isiAfrikansi njengoLwimi lwaseKhaya **50%** OKANYE isiAfrikansi njengoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo **70%** OKANYE isiNgesi njengoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo **70%**

**Iinkqubo eziyelelene nayo:** i-BCom (iAkhawuntingi yezeziMali) okanye i-BCom (iAkhawuntingi yezoLawulo)

**Amathuba amakhondo emisebenzi:** TIdigri yeBAcc linyathelo lakho lokuqala eliya ekubeni yiTshathadi Akhawuntenti. Ukuze ufumane isiqinisekiso sokuba yiTshathadi Akhawuntenti engumpondozihlanjiwe, kufuneka upase iimviwo zeZiko leeTshathadi Akhawuntenti zoMzantsi Afrika (SAICA) kunye/okanye zeBhodi eziMeleyo yoLawulo lwaBaphicothi (IRBA).

Itshathadi akhawunteni ingasebenza njengomphicothi kwifemu yophicothi. Lo msebenzi unokhuselo olungummiselo. Eminye imisebenzi kulawulo lwezezimali, iakhawuntingi yezolawulo okanye ubucebisi kwezeerhafu nayo inokuthathelwa ingqalelo.

## I-BCom (iAkhawuntingi yezoLawulo) (iminyaka emi3)

- Inqaku leziphumo zeNSC elingama**65%** lilonke ubuncinane (ngaphandle kweLife Orientation)
- IMathematiksi **60%**
- IsiNgesi njengoLwimi lwaseKhaya **50%** OKANYE isiAfrikansi njengoLwimi lwaseKhaya **50%** OKANYE isiAfrikansi njengoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo **70%** OKANYE isiNgesi njengoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo **70%**

**Iinkqubo eziyelelene nayo:** I-Acc; i-BCom (iAkhawuntingi yezeziMali)

**Amathuba amakhondo emisebenzi:** Ukuze ufumane isiqinisekiso sokuba yitshathadi akhawunteni eqatshelwa engumpondozihlanjiwe esiqatshelwa kumazwe ngamazwe, kufuneka upase iimviwo zeZiko leeTshathadi Akhawunteni zezoLawulo (CIMA, eLandani). Iitshathadi akhawunteni zezolawulo zigxila kubuchule kwezezimali zize zicacise kwaye zisebenzise ingcaciso yezezimali kulawulo lweshishini.

## I-BCom (iAkhawuntingi yezeziMali) (iminyaka emi3)

- Inqaku leziphumo zeNSC elingama**65%** lilonke ubuncinane (ngaphandle kweLife Orientation)
- IMathematiksi **60%**
- IsiNgesi njengoLwimi lokuQala **50%** OKANYE isiAfrikansi njengoLwimi lokuQala **50%** OKANYE isiAfrikansi njengoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo **70%** OKANYE isiNgesi njengoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo **70%**

**Iinkqubo eziyelelene nayo:** I-BAcc; i-BCom (iAkhawuntingi yezoLawulo)

**Amathuba amakhondo emisebenzi:** Ukuze ufumane isiqinisekiso sokuba yitshathadi akhawunteni eqatshelwa engumpondozihlanjiwe esiqatshelwa kumazwe ngamazwe, kufuneka upase iimviwo zoMbutho lweeTshathadi Akhawunteni eziQinisekisiweyo (ACCA, eLandani). Iiakhawunteni eziqinisekisiweyo zilungisa iingxelo zezezimali, zenza uphicotho lwangaphakathi kwaye zinikezela ngeengcebiso malunga nemiba yoshishino nokutsalwa kweerhafu.



# IFAKHALTHI YEZEMFUNDO

Abafakizicelo ababufezekisayo ubuncinane boko kufunekayo ukuze umntu athathwe bakhethwa ngokwezikhokelo zokukhetha zeFakhalthi ku**www.maties.com > Apply > Admission and selection requirements.**

## Ukuthathwa nokukhethwa

- Inqaku leziphumo zeNSC elingama**60%** lilonke ubuncinane, iIEB okanye isatifiketi esilingana nayo sokuphuma esikolweni (ngaphandle kweLife Orientation)
- IMathematiksi **40%** OKANYE iMathematiksi yakwiiMeko zaseBomini **60%**

KWAYE

*Abafundi ababefundiswe ngesiNgesi:*
- IsiNgesi njengoLwimi lwaseKhaya **60%**
- IsiAfrikansi OKANYE isiXhosa (njengoLwimi lwaseKhaya okanye njengoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo) **50%**

OKANYE

*Abafundi ababefundiswe ngesiAfrikansi:*
- IsiAfrikansi njengoLwimi lwaseKhaya **60%**
- IsiNgesi OKANYE isiXhosa (njengoLwimi lwaseKhaya okane njengoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo) **50%**

OKANYE

*Abafundi ababefundiswe ngesiXhosa:*
- IsiXhosa njengoLwimi lwaseKhaya **60%**
- IsiNgesi OKANYE isiAfrikansi (njengoLwimi lwaseKhaya okanye njengoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo) **50%**

*I-BEd (iMfundo yakumaBanga aPhakathi):* Iimfuno ezizezinye zixhomekeka kwizifundo zesikolo ofuna ukuzifundisa.

## IiBEd (iMfundo yakumaBanga aPhantsi) (iminyaka emi4)

**Kukho izithuba ezili125 kule nkqubo.**

**Amathuba amakhondo emisebenzi:** Ukuba ngutitshala wamaBanga uR ukuya ku3. IZifundo zaseMva kokuThweswa iSidanga: Jonga incwadi yonyaka yezeMfundo kule webhusayithi www.su.ac.za.

## I-BEd (iMfundo yakumaBanga aPhakathi) (iminyaka emi4)

**Kukho izithuba ezili125 kule nkqubo.**

IMathematiksi (Ed) inyanzelekile (kunyaka wokuqala), kwaye unokukhetha izifundo zokufundisa ezibini ezongezelelweyo kwezi modyuli zokufundisa zilandelayo (qaphela ezi mfuno zokuze uthathwe ezongezelelweyo kwezinye iimodyuli zokufundisa):

- IMathematiksi (kufuneka ipaswe ngomndilili wama**60%** kunyaka wokuqala)
- IZakhono zaseBomini
- IiNzululwazi ngezeNdalo (Ed)
  - IiNzululwazi ngeZinto eziPhilayo okanye iiNzululwazi ngokuBambekayo **50%**
- IiNzululwazi ngezeNtlalo (Ed)
  - EzeeMbali neJiyografi **50%**

**Amathuba amakhondo emisebenzi:** Ukuba ngutitshala wakwisikolo samabanga aphantsi ukusuka kwiBanga le4 ukuya kwiBanga le7 onobuchule bokufundisa izifundo ezibini zakumabanga aphakathi neelwimi ezimbini. IZifundo zaseMva kokuThweswa iSidanga: Jonga incwadi yonyaka yezeMfundo kule webhusayithi www.su.ac.za.

## ISatifiketi kwezeMfundo saseMva kokuThweswa iSidanga (PGCE) (unyaka o1) (ekhampasini ngokusisigxina)

Izifundo ezibini eziimodyuli zokufundisa ziyafuneka ukuze uthathwe. Isifundo sokufundisa ngasinye kufuneka sizifezekisa iimfuno zokungeniswa zezo zifundo zibini zokufundisa zingqalileyo. Zonke iimodyuli zokufundisa azifumaneki yonke iminyaka: kufuneka inani elincinci labafundi kwimodyuli yokufundisa nganye.

- Okufunekayo ukuze uthathwe: idigri yenqanaba 7 leNQF enezifundo zokufundisa ezibini.
- Ukuze ubone izifundo zokufundisa zePGCE neemfuno zazo, jonga incwadi yonyaka yeFakhalthi yezeMfundo kule webhusayithi www.su.ac.za.

**Amathuba amakhondo emisebenzi:** Ukuba ngutitshala wakwisikolo samabanga aphezulu wezifundo ezibini (amaBanga 8 ukuya ku12).

# IFAKHALTHI **YEZOBUNJINELI**

Abafakizicelo ababufezekisayo ubincinane boko kufunekayo ukuze umntu athathwe bakhethwa ngokwezikhokelo zokukhetha zeFakhalthi ku**www.maties.com > Apply > Admission and selection requirements.**

## Ukuthathwa nokukhethwa

- Inqaku leziphumo zeNSC elingama**70%** lilonke ubuncinane (ngaphandle kweLife Orientation)
- IMathematiksi **70%**
- IiNzululwazi ngokuBambekayo **60%**
- IsiNgesi njengoLwimi lwaseKhaya **50%**, kungekho mfuneko yesiAfrikansi, OKANYE isiNgesi njengoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo **60%**, kungekho mfuneko yesiAfrikansi, OKANYE isiNgesi njengoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo **50%** nesiAfrikansi njengoLwimi lwaseKhaya **50%** OKANYE isiNgesi njengoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo **50%** nesiAfrikansi njengoLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo **60%**
- Abafakizicelo baxhomekeke ekukhethweni ngokwekhrayitheriya yokukhetha

Ngokwezikhokelo zale Fakhalthi zokukhetha, inqaku lokukhethwa kwakho libalwa ngokusebenzisa amanqaku (kwi100) ezifundo zakho zakwiBanga 11 (kwimeko yokukhethwa ngokuxhomekekileyo) okanye izifundo zakho zakwiBanga le12 (kwimeko yokukhethwa kokugqibela) ngale ndle ilandelayo:

**Inqaku lokukhwa = Umyinge weMathematiksi ekhulwini + umyinge weeNzululwazi zokuBambekayo ekhulwini + (6 x umndilili weMatriki)**

Umndilili wematriki ubalwa ngokwemiyinge ekhulwini eyeyona ihamba phambili yezifundo zakho zakwiMatriki (ngaphandle kweLife Orientation). Elona nqaku likhulu ngama800. Qaphela ukuba ngokwesiqhelo iMathematiksi neeNzululwazi ngokuBambekayo nazo ziba negalelo kumndilili.

Kule minyaka imbalwa igqithileyo, inqaku lokukhetha elingama600 okanye ngaphezulu liye lanika abafundi ithuba elihle lokuthathwa kwiinkqubo ezithile, kodwa kwezinye, bekufuneka ama620 okanye ngaphezulu. Ngamanye amagama, ukuze ube nethuba elivakalayo lokuba ukhethwe kwezinye iinkqubo, inqaku lakho leMathamatiksi, kwakunye nomndilili wakho weNSC, kufuneka zibe ngaphezu kwama75, zize iiNzululwazi ngokuBambekayo zibe ngaphezu kwama65, ngelixa kwezinye iinkqubo kuya kudingeka inqaku leMathematiksi elingama80 ubuncinane, kunye nenqaku leeNzululwazi ngokuBambekayo elingama70 ubuncinane. Ungafaka izicelo kwiinkqubo ezingaphezu kwenye.

## Iinkqubo ze-BEng

### BEng (engeeKhemikhali) (iminyaka emi4)

**Iinkqubo eziyelelene nayo:** I-BEng (engooMatshini) – zombini ezi nkalo zibandakanya uphononongo lwamandla obushushu nophononongo lokuhamba kwezinto ezingamanzi. Amaxesha amaninzi ziyasebenzisana kuyilo lweenkqubo nakwizixhobo; i-BSc (yeKhemistri) – le digri ne-BEng (engeeKhemikhali) zabelana ngezifundo ezisisiseko eziliqela ezifana neMathematiksi, iiNzululwazi ngokuBambekayo.

**Amathuba amakhondo emisebenzi:** Iinjineli zeekhemikhali zisebenza ngokugxile kwimisebenzi ebanzi yeenkqubo ekuveliswa ngazo iimveliso zabathengi ezahlukahlukeneyo. Ziyabandakanyeka kananjalo nalapho kusetyenzwa khona amanzi amdaka eesureji nenkunkuma zize zenziwe ukuba zibe nokusebenziseka kwakhona.

### I-BEng (yezoKwakha) (iminyaka emi4)

**Iinkqubo eziyelelene nayo:** Iyadibana ne-BEng (engeeKhemikhali) kwiinkalo ezifana nokucocwa kwamanzi, ubunjineli bakwezokusingqongileyo nokwakha; i-BSc (iNzululwazi ngoMhlaba) ne-BSc (uLwazi ngezeJiyografi)

**Amathuba amakhondo emisebenzi:** Iinjineli zezokwakha zinoxanduva ngemisebenzi emikhulu, esisigxina efana neenkqubo zokunkcenkceshela, iibhlorho, amadami, amazibuko, imijelo, izikhululo zeenqwelomoya, iindlela nezitrato, imibhobho, iinkqubo zeesureji, imizila yoololiwe, izakheko eziziindidi ezahlukahlukeneyo neziseko zezakheko, iinkqubo zamanzi ezichotho, iitonela, iinqaba, iinkqubo zobonelelo ngamanzi, neendidi ezahlukahlukeneyo zemisebenzi yokwakha enzima.

### I-BEng (engoMbane nengeeElektroniki) (iminyaka emi4)

**Iinkqubo eziyelelene nayo:** I-BEng (iMekhatroniksi) – zombini ezi nkalo zibandakanya ukuhlanganiswa kweenkqubo zombane, ulawulo – neenkqubo zeekhompyutha; i-BEng (engooMatshini) – ziliqela iindawo ezidibana kuzo, ngokukodwa kwiimeko zale mihla eziphenjelelwa yitekhnoloji, njengeenkqubo zolawulo, ukwenziwa kwezinto ukuba zizisebenzele ngokwazo, neenkqubo zombane

**Amathuba amakhondo emisebenzi:** Iinjineli zombane zinoxanduva ngoqokelelo, ngohanjiso nangoguqulo lwamandla ombane umzekelo iifektri noomasipala. Iinjineli zee-elektroniki zigxila kulawulo lweenkqubo zeerowubhothi; uqokelelo, usetyenzo nohanjiso lweengcaciso ngeekhompyutha nangeenethiwekhi zonxibelelwano, ezifana neenethiwekhi zeefowuni, noyilo lweekhompyutha neenkqubo zeesoftiwee ezinkulu.

### I-BEng (yoMbane neyee-Elektroniki) (ubuNjineli beDtha) (iminyaka emi4)

**Iinkqubo eziyelelene nayo:** Idibana ne-BEng (yoMbane neyee-Elektroniki) ngokukodwa kwiinkalo ezifana nokuqulunqwa kweenkqubo nophuhliso lweesoftiwee neeaplikheyishini eziphenjelelwa yidatha, ukusetyenzwa kweesignali, iinkqubo ezimiliselweyo, ukufunda ngooMatshini neAI, njalo njalo; i-BSC (iNzululwazi ngeeKhompyutha) – ziliqela iindawo ezidibana kuzo, ngokukodwa kwimeko yokuphatha nokusebenza idatha, usetyenziso lweeklawudi kwiikhompyutha, ukhuseleko nobungasese bedatha, ukufunda ngooMatshini neAI.

**Amathuba amakhondo emisebenzi:** Ukuba nguMhlalutyi weDatha, ukuba yiNjineli yeDatha

### I-BEng (kwezoShishino) (iminyaka emi4)

**Iinkqubo eziyelelene nayo:** I-BEng (engooMatshini) – ngokukodwa kwimeko yokwenziwa kweemveliso, yoveliso nolawulo lwemigangatho, uyilo nohlanganiso lweenkqubo nokusebenza kakuhle kwezamandla; I-BEng (yezoKwakha) – zidibana ngokukodwa kwimeko yokugqwesisa nokulawula iiprojekthi neenkqubo ezimbaxa.

**Amathuba amakhondo emisebenzi:** Awona masebe ezobuNjineli kwezoShishino yitekhnoloji yokwenziwa kweemveliso noyilo kweenkqubo zemisebenzi. Kubandakanya iintlangothi ezibalulekileyo kwiimekobume zale mihla zezoshishino neenkonzo, njengoqinisekiso lwemigangatho, iirowubhothiki, ezoqoqosho zobunjineli, uphando ngemisebenzi, ezokusebenza kakuhle kwabasebenzi kwezoshishino netekhnoloji yeengcaciso.

### I-BEng (engooMatshini) (iminyaka emi4)

**Iinkqubo eziyelelene nayo:** I-BEng (iMekhatroniki) – Okona kudibana kukhulu phakathi kweedigri zobunjineli kule Fakhalthi – ngokukodwa kuyilo nakuphuhliso lweenkqubo ezintsokothileyo ezihlanganisa amabakala angoomatshini nangee-elektroniki; i-BEng (engeeKhemikhali), i-BEng (yoMbane neyee-Elektroniki), i-BEng (kwezoSshishino), i-BEng (yezoKwakha)

**Amathuba amakhondo emisebenzi:** Ubunjineli bezoomatshini buphawulwa ngokuhamba notshintshelo lwamandla, umzekelo kwizithuthi, kwiinqwelomoya, kwiinqanawe, kwimijukujelwa, kwiinkqubo zokupholisa, kwizikhululo zombane nakwiinjini, kodwa bukwaquka noomatshini abasetyenziswa kuwo onke amasebe oqoqosho, afana neeplanti zosetyenzo noshishino lokwenza iimveliso.

### I-BEng (iMekhatroniki) (iminyaka emi4)

**Iinkqubo eziyelelene nayo:** I-BEng (engeeKhemikhali), i-BEng (yoMbane neyeeElektroniki)

**Amathuba amakhondo emisebenzi:** Iinjineli zeemekhatroniki zigxila kwiinkqubo eziphawulwa ngokuhlanganiswa ngokusondeleneyo kwamabakala oomatshini, izivimvakalelo ezielektroniki, izikhuthazi zoomatshini ezingoomatshini okanye ezielektroniki nezilawuli zeekhompyutha. Imizekelo yeenkqubo ezimekhatroniki iquka iinkqubo zolawulo lweenjini ezielektroniki neenkqubo zeerowubhothi.

### Iinkqubo zekharityhulam eyandisiweyo (iECPs) (iminyaka emi5)

Zonke iinkqubo zethu ze-Beng nazo ziyafumaneka njenee-ECO, nezifuna unyaka omnye owongezelelekileyo wokufunda. Inani elinesithintelo labafakizicelo ababufezekisayo ubuncinane beemfuuno zokungena kwiiECP zeBEng liya kukhethwa. Ukukhethwa kuthathela ingqalelo inqaku lokukhethwa njengoko kuchaziwe apha ngentla nemo yabafakizicelo ngokwezentlalo nezoqoqosho ukuze kukhethwe phambili abagqatswa abaneemvelaphi ezivinjwa amathuba ngokwezemfundo.

# IFAKHALTHI **YOMTHETHO**

Ukhetho lusekelwe kwiziphumo zokugqibela zeBakala le11 (okanye ukuba kukho iziphumo zokugqibela zeBakala le12) kunye neziphumo zovavanyo *yeNational Benchmark Test* results kumlinganiselo wama80:20.

## I=LLB (iminyaka emine)

**Izithuba ezili120 kwinkqubo.**

- Bhala iNBTs AQL phambi kowama31 kuJulayi
- Umyinge wama**70%** ubuncinane (ngaphandle koLwazi ngezoBomi) kwiNSC okanye kwiIEB isatifikethi sokushiya isikolo.
- IsiNgesi okanye iAfrikaans uLwimi lwaseKhaya ama**60%** OKANYE iAfrikaans okanye isiNgesi uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo ama**70%**

*Ukuba unqwenela ukuthatha ezoQoqosho njengesifundo saseyunivesithi, ke kwakhona:*
- IMathematika ama**60%**

Ukuba unqwenela ukuthatha isifundo saseyunivesithi kwenye ifakhalthi, nceda uqinisekise ukuba uyahlangabezana neemfuno zaso.

**inkqubo ezifanayo:** iBAccLLB, BA (yoMthetho), BCom (L yoMthetho)

**Amathuba emisebenzi:** Ummeli (igqwetha okanye igqwetha leejaji) emva kokugqiba uqeqesho lwepraktikhali elimiselweyo kunye nokuphumelela iimviwo zokungena ezisetwe ngumsebenzi lowo; iJaji (uMantyi, uMantyi weNgingqi, iJaji yeNkundla ePhakamileyo, iJaji yeNkundla yeziBheno, iJaji yeNkundla yoMgaqo-siseko); Umtshutshisi woluntu; Umvavanyi okanye umbhalisi weOfisi yeziGqibo-; UMphathi weNkundla ePhakamileyo unobhala okanye unobhala wenkundla; Umcebisi wezomthetho (umcebisi wezomthetho wangaphakathi); Umphathi wothotyelo; Umlamli okanye umlamli; uMkhuseli woLuntu; Izifundiswa (umhlohli); Umsebenzi wombutho ongekho phantsi kukarhulumente (NGO). Kukho intaphane yezinye iinketho zamakhondo omsebenzi zabathweswe izidanga kwezomthetho, eminye imizekelo ibandakanya: Usomashishini (Entrepreneur); Umlawuli weshishini (Business manager); Intatheli (Journalist); Ukuba kuRhulumente kaZwelonke okanye wephondo (National or provincial government). Abafundi abathweswe izidanga nabo banezidanga kubuNjineli okanye kwiNzululwazi, banokuba ngamaGqwetha aBhalisa iimveliso (Patent) abhalisiweyo.

## ILLB (iminyaka emithathu)

**Izithuba ezingama50 kwinkqubo. Ifumaneka kuphela njengesidanga sesibini se, ukhetho lusekwe kwintsebenzo kwisidanga sebhatshela**

- Nasiphi na isidanga sebhatshela esisuka kwiyunivesithi yaseMzantsi Afrika
- Umyinge wama**60%** ubuncinane kunyaka wokugqibela

## I-BA (yoMthetho) (iminyaka emi3)

**Ngama55 ezithuba kwinkqubo.**

Inkqubo yeFakhalthi: Uthatha iimodyuli kwiFakhalthi yoMthetho kunye neFakhalthi yobuGcisa neNzululwazi yeNtlalo.
- Bhala iINBT AQL phambi kowama31 kuJulayi
- Umyinge wama**70%** ubuncinane (kungabandakanywanga isifundo soLwazi ngezoBomi) kwi-NSC okanye kwisatifikethi seIEB sokushiya isikolo.
- IsiNgesi okanye iAfrikaans uLwimi lwaseKhaya ama**60%** OKANYE iAfrikaans okanye isiNgesi uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo ama **70%**

*Ukuba unqwenela ukuthatha ezoQoqosho njengesifundo saseyunivesithi, ke kwakhona:*
- IMathematika ama**60%**

Ukuba unqwenela ukuthatha isifundo saseyunivesithi kwenye ifakhalthi, nceda uqinisekise ukuba uyahlangabezana neemfuno zaso.

**Iinkqubo ezifanayoS:** iLLB, BAccLLB, BCom (yoMthetho)

**Amathuba emisebenzi:** kuxhobisa ukuba uziqeqeshe njengegqwetha okanye ummeli aemva kweminyaka emibini eyongezelelweyo yeLLB (isidanga sokuqala) sokufunda ukugqiba amanqaku akho okanye ukufundiswa kwakho kunye noqeqesho olufunekayo lwepraktikhali kunye neemviwo zokungena, okanye ukuba ngumcebisi wezomthetho.

## IBCom (kwezoMthetho) (iminyaka emi3)

**Izithuba ezingama kwinkqubo.**

Inkqubo yeFakhalthi: Uthatha iimodyuli kwiFakhalthi yoMthetho kunye neFakhalthi yezoQoqosho kunye nenZululwazi kuLawulo.

- Bhala iNBTs AQL neMAT phambi kowama31 kuJulayi
- Umyinge wama**70%** ubuncinane (kungabandakanywanga isifundo soLwazi ngezoBomi) kwiNSC okanye kwisatifikethi seIEB sokushiya isikolo.
- IsiNgesi okanye iAfrikaans uLwimi lwaseKhaya ama**60%** OKANYE iAfrikaans okanye isiNgesi uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo ama**70%**
- IMathematika ama**60%**

**Iinkqubo ezifanayo:** iLLB, BAccLLB, BA (yoMthetho)

**Amathuba emisebenzi:** Ibonelela ngemvelaphi eyimfuneko yomsebenzi kwilizwe leshishini kunye nomthetho wezorhwebo. Ikuxhobisa ukuba uziqhelanise negqwetha okanye ummeli emva kweminye iminyaka emibini yokufunda ngeLLB kwaye ugqibezele amanqaku okanye ubufundi bakho.

## I-BAccLLB (iminyaka emi5)

**Ngama35 ezithuba kule nkqubo.**

Inkqubo yeFakhalthi: Uthatha iimodyuli kwiFakhalthi yoMthetho kunye neFakhalthi yezoQoqosho kunye neZululwazi kuLawulo.

- Bhala iNBTs AQL neMAT phambi kowama31 kuJulayi
- Umyinge wama**80%** ubuncinane (ngaphandle koLwazi ngezoBomi) kwiNSC okanye kwiIEB isatifikethi sokushiya isikolo.
- IsiNgesi okanye iAfrikaans uLwimi lwaseKhaya ama**60%** OKANYE iAfrikaans okanye isiNgesi uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo ama**70%**
- IMathematika ama**70%** OKANYE iMathematika ama**60%** kunye neAkhawuntingi ama**70%**

**Iinkqubo ezifanayo:** iLLB, BAccLLB, BCom (yoMthetho), BA (yoMthetho)

**Amathuba omsebenzi:** TIsidanga se-BAccLLB sahlukile, sidibanisa izidanga ezimbini. -LLB ikuvumela ukuba uhambise amanqaku oomabhalana okanye obufundi kunye negqwetha okanye igqwetha leejaji, ngokulandelelanayo. IBAcc ikunika ufikelelo kwiOnazi kwiAkhawntingu, ethi, phakathi kwezinye, ifuneke ukuze ube yitshathathakhwuntenti.



# IFAKHALTHI **YEZONYANGO NEENZULULWAZI NGEZEMPILO**

Iinkqubo zethu ziyavunywa ngokujoliswe kubhaliso loompondozihlanjiwe ngamaqumrhu afana neBhunga leMisebenzi yezeMpilo loMzantsi Afrika (HPCSA) neBhunga lobuNesi loMzantsi Afrika SANC).

## Ukuthathwa nokukhethwa

Abafakizicelo ababufezekisayo ubincinane boko kufunekayo ukuze umntu athathwe bakhethwa ngokwezikhokelo zokukhetha zeFakhalthiku **www.maties.com > Apply > Admission and selection requirements.** Abafakizicelo bathathelwa ingqalelo ngokwezi khathegori zilandelayo:

1. Abafundi abakhoyo ngoku (beBanga le12) kunye nabafakizicelo abagqibe isikolo ngo2024 okanye ngo2025 nabangakhange bathathe inxaxheba kuzo naziphi na izifundo ezimiselweyo, bakhethelwa ezi nkqubo ngenxa yokugqwesa kwabo ezifundweni zabo nokungaphumeleli kwabo kwizifundo njengoko kucacisiwe kwisikhokelo sokukhetha kwinkqubo nganye.
2. Abafundi baseyunivesithi ababhalisiweyo (iMBChB ithathela ingqalelo abafundi baseSU ababhalisiweyo kuphela) bathathelwa ingqalelo ngokusekelwe ekufaneleken kwabo ngokwezemfundo nangokungekuko okwezemfundo njengoko kubaluliwe kwizikhokelo zokukhetha zenkqubo nganye.
3. Abafakizicelo abaneziqinisekiso zemfundo enomsila kunye / okanye namava omsebenzi bathathelwa ingqalelo ngokusekelwe ekufaneleken kwabo ngokwezemfundo nangokungekuko okwezemfundo njengoko kubaluliwe kwizikhokelo zokukhetha zenkqubo nganye.

## I-MBChB (iminyaka emi6)

**Kukhethwa abagqatswa abangama±280 ngonyaka.**

- Inqaku leziphumo zeNSC elingama**75%** lilonke ubuncinane okanye isiqinisekiso semfundo esilingana neso (ngaphandle kweLife Orientation)
- IMathematiksi **60%**
- IiNzululwazi ngokuBambekayo **50%**
- IiNzululwazi ngeZinto eziPhilayo **50%**

**Iinkqubo eziyelelene nayo:** Jonga kwiimfuno zokuthathwa nokukhethwa. www.maties.com > Apply > Admission and Selection Requirements.

**Amathuba amakhondo emisebenzi:** Emva koqeqesho lwasemsebenzini lweminyaka emibini nonyaka wokusebenzela uluntu, uya kube ufanelekile ukuba ungabhalisa kwiHPCSA kwikhathegori yeNgcali yezoNyango eziMeleyo.

## IBhatshela yobuNesi (iminyaka emi4)

**Kukhethwa abagqatswa abangama±50 ngonyaka.**

- Inqaku leziphumo zeNSC elingama**60%** lilonke ubuncinane okanye isiqinisekiso semfundo esilingana neso (ngaphandle kweLife Orientation)
- IMathematiksi **40%** OKANYE iMathematiksi yakwiiMeko zaseBomini **70%**
- IiNzululwazi ngeZinto eziPhilayo **50%**

**Iinkqubo eziyelelene nayo:** I-BSc kwezeeNdlela zoKutya; iBhatshela yoLuleko lwaseMsebenzini; i-BSc kwiFiziyotheraphi neBhatshela yoLuleko lokuThetha noLwimi noNyango lokuVa

**CAmathuba amakhondo emisebenzi:** Emva konyaka wokusebenzela uluntu, unokubhalisa kwiSANC njengoNesi noMbelekisi.

## I-BSc kwezeeNdlela zoKutya (iminyaka emi4)

**Kukhethwa abagqatswa abangama±35 ngonyaka.**

- Inqaku leziphumo zeNSC elingama**60%** lilonke ubuncinane okanye isiqinisekiso semfundo esilingana neso (ngaphandle kweLife Orientation)
- IMathematiksi **50%**
- IiNzululwazi ngokuBambekayo **50%**
- IiNzululwazi ngeZinto eziPhilayo **50%**

**Iinkqubo eziyelelene nayo:** I-BSc kwiNzululwazi ngoKutya; i-BSc kwiBhayoloji yeeMoletyhulo neTekhnoloji yeZinto eziPhilayo; iBhatshela yoLuleko lwaseMsebenzini; i-BSc kwiFiziyotheraphi.

**Amathuba amakhondo emisebenzi:** Emva konyaka wokusebenzela uluntu, unokubhalisa kwiHPCSA njengeNgcali yeeNdlela zoKutya.

## IBhatshela yoLuleko lwaseMsebenzini (iminyaka emi4)

**Kukhethwa abagqatswa abangama±50 ngonyaka.**

- Inqaku leziphumo zeNSC elingama**60%** lilonke ubuncinane okanye isiqinisekiso semfundo esilingana neso (ngaphandle kweLife Orientation)
- IMathematiksi **50%**
- INzululwazi ngeZinto eziPhilayo **50%**

**Iinkqubo eziyelelene nayo:** I-BSc kwiFiziyotheraphi; iBhatshela yobuNesi, i-BSc kwezeeNdlela zoKutya; i-BSc kwiiNzululwazi ngoBomi boMntu; i-BSc kwiNzululwazi ngezeMidlalo.

**Amathuba amakhondo emisebenzi:** Emva konyaka wokusebenzela uluntu, unokubhalisa kwiHPCSA njengeNgcali yoLuleko lwaseMsebenzini.

## I-BSc kwiFiziyotheraphi (iminyaka emi4)

**Kukhethwa abagqatswa abangama±55 ngonyaka.**

- Inqaku leziphumo zeNSC elingama**60%** lilonke ubuncinane okanye isiqinisekiso semfundo esilingana neso (ngaphandle kweLife Orientation)
- IMathematiksi **60%**
- IiNzululwazi ngokuBambekayo **50%**

**Iinkqubo eziyelele nayo:** I-BSc kwiNzululwazi yezeMidlalo; i-BSc kwiiNzululwazi ngoBomi boMntu; iBhatshela yobuNesi; iBhatshela yoLuleko lwaseMsebenzini

**Amathuba amakhondo emisebenzi:** Emva konyaka wokusebenzela uluntu, unokubhalisa kwiHPCSA njengeNgcali yeFiziyotheraphi.

## IBhatshela yoLuleko lokuThetha noLwimi noNyango lokuVa (iminyaka emi4)

**Kukhethwa abagqatswa abangama±30 ngonyaka.**

- Inqaku leziphumo zeNSC elingama**60%** lilonke ubuncinane okanye isiqinisekiso semfundo esilingana neso (ngaphandle kweLife Orientation)
- IMathematiksi **50%**
- IiNzululwazi ngokuBambekayo **50%** OKANYE iiNzululwazi ngeZinto eziPhilayo **60%**
- Iilwimi eziMBINI ubuncinane kwezi ZINTATHU zilandelayo (uLwimilwaseKhaya okanye uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo) **60%**: IsiNgesi KUNYE/OKANYE isiAfrikansi KUNYE/OKANYE ulwimi lwesithathu lwaseMzantsi Afrika.

**Iinkqubo eziyelelene nayo:** IBhatshela yoLuleko lwaseMsebenzini; i-BSc kwiFiziyotheraphi; i-BSc kwiiNzululwazi ngoBomi boMntu.

**Amathuba amakhondo emisebenzi:** Emva konyaka wokusebenzela uluntu, unokubhalisa kwiHPCSA njengeNgcali yoLuleko lokuThetha noLwimi noNyango lokuVa.



# IFAKHALTHI
# YENZULULWAZI

Abafundi bayakhuthazwa ukuba balandelele idigri ye-BSc ethatha iminyaka emithathu ngedigri yeeonazi. Oku kuza kukwenza ukuba ube nako ukufumana ukuqatshelwa nokubhaliswa (apho kufanelekileyo) njengompondozihlanjiwe wesazinzulu kwaye kuza kukwandisela amathuba amakhondo emisebenzi. Zonke iinkqubo zabo bangekabi zizithwalandwe ekunikezelwa ngazo kwiFakhalthi yeNzululwazi zikhokelela kwiinkqubo zasemva kokuthweswa isidanga kwiFakhalthi yeNzululwazi; okanye kwezinye iifakhalthi.

Ukuze ufumane ingcaciso ethe vetshe malunga neenkqubo zasemva kokuthweswa isidanga, nceda uhlole iProspekthasi yeZifundo zaseMva kokuThweswa iSidanga yale Yunivesithi ku-https://www.su.ac.za/en/apply/pg-studies/postgraduate-programmes-offer.

## Ukuthathwa nokukhethwa

Ukuba kungoku nje ukwibanga le12, le Fakhalthi isebenzisa iziphumo zakho zakwibanga le11 zokugqibela ukukukhetha. Ukuba uligqibile ibanga le12, kuya kusetyenziswa iziphumo zakho zakwibanga le11 zokugqibela ukukukhetha.
Inqaku lokukhethwa libalwa ngale ndlela ilandelayo:

**Inqaku lokukhethwa:**
**[(IMathematiksi x 2) + 5 yezinye izifundo (nalapho esinye ubuncinane kufuneka ibe sisiNgesi okanye isiAfrikansi; ngaphandle kweLife Orientation)] ÷ 7**

**NCEDA UQAPHELE** ukuba isithintelo sokukhethwa singaphezu kobuncinane bekhrayitheriya njengoko kuchaziwe apha ngezantsi. Ukuze ubone ikhrayitheriya yokukhethwa nceda ufunde uxwebhu olusihloko sithi "Izikhokelo zokuthathwa nokukhethwa zeFakhalthi yeNzululwazi" ku-**www.maties.com > Apply > Admission and selection requirements.**

Qaphela iimfuno zeMathematiksi ekubeni uthathiwe**

Iimfuno zemathematika kwinkqubo zixhomekeke kukhetho lwakho lwezifundo ezidityanisiweyo kunyaka wakho wokuqala eyunivesithi.
- Ukuba uthatha iMathematiksi neFiziksi njengezifundo zakunyaka wokuqala: IMathematiksi **70%**
- Ukuba uthatha iMathematiksi (Bio) neFiziksi (Bio) njengezifundo zakunyaka wokuqala: IMathematiksi **60%**

## IINKQUBO EZIKWIINZULULWAZI NGEBHAYOLOJI

### I-BSc yokwaHlukahlukana kweZinto eziPhilayo nokusiNgqongileyo (iminyaka emi3)

- Inqaku leziphumo zeNSC elingama**65%** lilonke ubuncinane (ngaphandle kweLife Orientation)
- IsiAfrikansi OKANYE isiNgesi (njengoLwimi lwaseKhaya okanye njengoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo) **50%**
- IiNzululwazi ngokuBambekayo **50%**
- IMathematiksi **60%**

**Iinkalo ekugxilwe kuzo (ukhetha ibe nye)**
- **IZifundo ngokusiNgqongileyo ngokuJoliswe kuGuquguquko lweMozulu**
- **UkwaHlukahlukana kweZityalo neZilwanyana**
- **IZityalo neeMayikhrowubhu**

**Iinkqubo eziyelelene nayo:** I-BSc apho kugxilwe khona kwiBhayomathematiksi; i-BSc yezoLondolozo lokusiNgqongileyo; i-BScAgric yeeNzululwazi ngeZityalo noMhlaba; i-BScAgric yeeNkqubo zoVeliso lweZilwanyana.

**Amathuba amakhondo emisebenzi:** ukuba yingcali yezifundo ngezityalo, ukuba yingcali yezifundo ngezilwanyana, ukuba yingcali yebhayotekhnoloji yezityalo, ukuba sisazinzulu sezolondolozo, ukuba sisazinzulu ngezophandonzulu, ukuba sisazinzulu ngezaselwandle, ukuba ngumsebenzi ngovavanyo lokusinqgongileyo, ukuba ligcisa lezolondolozo, ukuba yingcali yokusingqongileyo, ukuba ngumhlalutyi waselebhu, ukuba ngumcebisi ngezokusingqongileyo, ukuba yingcaphephe yefuthe lokusingqongileyo, ukuba ngumcwangcisi wosetyenziso lomhlaba, ukuba ngumcebisi ngezolimo, ukufundisa ngezokusingqongileyo, ukuba ngutitshala weenzululwazi ngezinto eziphilayo (emva kokugqiba izifundo zeSatifiketi saseMva kokuThweswa iSidanga sezeMfundo).

### I-BSc yeeNzululwazi ngoBomi boMntu (iminyaka emi3)

- Inqaku leziphumo zeNSC elingama**65%** lilonke ubuncinane (ngaphandle kweLife Orientation)
- IsiAfrikansi OKANYE isiNgesi (njengoLwimi lwaseKhaya okanye njengoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo) **50%**
- IiNzululwazi ngokuBambekayo **50%**
- IMathematiksi **60%** okanye **70%** (ngokuxhomekeke ekukhetheni kwakho iMathematiksi neFiziksi kunyaka wokuqala) **

**Iinkalo ekugxilwe kuzo (ukhetha ibe nye)**
- IBhayoloji
- IBhayoloji neSayikholoji

**Iinkqubo eziyelelene nayo:** I-BSc yeBhayoloji engeeMoletyhuli neBhayotekhnoloji; i-BSc apho kugxilwe khona kuSetyenziso lweKhemistri yezoNyango, okanye apho kugxilwe khona kwiiNzululwazi ngeMathematiksi ngokujoliswe kuNyango lweZinto eziPhilayo; i-BSc yeNzululwazi yezeMidlalo.

**Amathuba amakhondo emisebenzi:** ukuba sisazinzulu ngezophandonzulu, ukuba yingcali yefiziyoloji, ukuba ngumphandi weestem seli, ukuba ngumhlalutyi waselebhu, ukuba ngummeli wezonyango, ukuba sisazinzulu ngonyango lwezinto eziphilayo, ukuba yingcali yefiziyoloji egxile kwezokuzilolonga, ukuba yingcali yezesondlo, ukuba ngumphandi wezonyango, ukuba ngusokhemesti, ukuba yingcali yemizila yemfuza yabantu, ukuba yingcali yesayikholoji kwezophandonzulu nakwezonyango (ngesiqinisekiso semfundo yasemva kokuthweswa isidanga esiyimfuneko), ukuba ngutitshala weenzululwazi ngezinto eziphilayo (emva kokugqiba izifundo zeSatifiketi saseMva kokuThweswa isidanga sezeMfundo), ukuba yingcali yokwakheka kwemizimba yabantu, ukuba yingcali yebhayotekhnoloji: ukusebenza ngeeseli zabantu, uphuhliso lwamayeza amatsha, intatheli yenzululwazi (ngesiqinisekiso semfundo yasemva kokuthweswa isidanga esiyimfuneko).

### I-BSc yeBhayoloji engeeMoletyhuli neBhayotekhnoloji (iminyaka emi3)

- Inqaku leziphumo zeNSC elingama**65%** lilonke ubuncinane (ngaphandle kweLife Orientation)
- IsiAfrikansi OKANYE isiNgesi (njengoLwimi lwaseKhaya okanye njengoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo) **50%**
- IiNzululwazi ngokuBambekayo **50%**
- IMathematiksi **60%** okanye **70%** (ngokuxhomekeke ekukhetheni kwakho iMathematiksi neFiziksi kunyaka wokuqala) **

**Iinkqubo eziyelelene nayo:** I-BSc yeeNzululwazi ngoBomi boMntu; i-BSc yeKhemistri; i-BSc apho kugxilwe khona kuSetyenziso lweKhemistri yezoNyango, okanye apho kugxilwe khona kwezoLwazi ngeZinto eziPhilayo; i-BSCAgric yezokuLinywa koMdiliya nokweNziwa kweeWayini.

**Amathuba amakhondo emisebenzi:** ukuba yingcali yebhayotekhnoloji yezityalo, ukuba sisazinzulu ngezophandonzulu, ukuba sisazinzulu ngezaselwandle, ukuba ngumsebenzi ngovavanyo lokusingqongileyo, ukuba ngumhlalutyi waselebhu, ukuba ngumhlalutyi wokuhlolwa kokutya, ukuba yingcali yebhayokhemistri, ukuba yingcali yemizila yemfuza, ukuba ngutitshala weenzululwazi ngezinto eziphilayo (emva kokugqiba izifundo zeSatifiketi saseMva kokuThweswa isidanga sezeMfundo), ukuba ngumqulunqi weebhayofyuweli, ukuba yingcali yemayikhrobhayoloji, ukuba yingcali yebhayotekhnoloji: ukusebenza ngeeseli, ngeeyisti, ngeebhaktheriya, ngeefangi, neentsholongwane ukuze kuphuhliswe izityalo ezingenazifo, amayeza amatsha, okanye iienzayim eziluncedo kwezoshishino nasemigodini, ukuba ngumhlalutyi wamanzi.

### I-BSc yeNzululwazi ngezeMidlalo (iminyaka emi3)

- Innqaku leziphumo zeNSC elingama**65%** lilonke ubuncinane (ngaphandle kweLife Orientation)
- IsiAfrikansi OKANYE isiNgesi (njengoLwimi lwaseKhaya okanye njengoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo) **50%**
- IiNzululwazi ngokuBambekayo **50%**
- IMathematiksi **60%**

**Iinkquibo eziyelelene nayo:** I-BSc yeeNzuluwazi ngeZinto eziPhilayo, i-BSc apho kugxilwe khona kwiiNzululwazi zeMathematiksi ngokujoliswe kwezoNyango lweZinto eziPhilayo; i-BSc yeFiziyotheraphi.

**Amathuba amakhondo emisebenzi:** ukuba ngumqeqeshi wezemidlalo, ukuba ngumphathi kwezemidlalo, ukuba yingcali yeenzululwazi zezemidlalo, ukuba yingcali yefiziyoloji kwezemidlalo, ukusebenza ngabantu abaphila nokhubazeko, ukuba ngumqeqeshi wokuzilolonga, ukuba ngumqeqeshi womntu buqu wokuzilolonga, ukuba ngutitshala (emva kokugqiba izifundo zeSatifiketi saseMva kokuThweswa isidanga sezeMfundo).

## IINKQUBO EZIKWIINZULULWAZI NGOKUBAMBEKAYO

### I-BSc yeKhemistri (iminyaka emi3)

- Inqaku leziphumo zeNSC elingama**65%** lilonke ubuncinane (ngaphandle kweLife Orientation)
- IsiAfrikansi OKANYE isiNgesi (njengoLwimi lwaseKhaya okanye njengoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo) **50%**
- IiNzululwazi ngokuBambekayo **50%**
- IMathematiksi **70%**

**Iinkalo ekugxilwa kuzo (ukhetha ibe nye)**
- Chemistry and Polymer Science
- IBhayoloji engeeKhemikhali
- USetyenziso lweKhemistri eluQilima
- IMichiza nobuNjineli beMichiza

**inkqubo eziyelelene nayo:** I-BSc yeBhayoloji engeeMoletyhuli neBhayotekhnoloji; i-BSc apho kugxilwe khona kuSetyenziso lweKhemistri yezoNyango; i-BSc yeNzululwazi ngoMhlaba; i-BSc kwiNzululwazi yezoKutya.

**Amathuba amakhondo emisebenzi:** ukuba sisazinzulu ngezophando, ukuba ngumlawuli woqinisekiso lwemigangatho, ukuba ligosa lolawulo lweentlekele, ukuba ngusokhemesti osebenza ngohlalutyo, ukuba yingcali yeetyhefu, ukuba yingcali yokusebenza kwamayeza namachiza, amakhondo emisebenzi kushishino lokupakisha, lweepeyinti, lwezincamathelisi nolwamalaphu, kwakunye nakwicandelo lokwenziwa kweemveliso okanye kubonelelo ngeemathiriyeli ezingekasetyenzwa, amakhondo emisebenzi anxulumene nocwangciso nosetyenziso lweeplanti zeekhemikhali, uphuhliso lweendlela ezingohlalutyo nenkqubo yoveliso, ukuthengiswa kweekhemikhali nezixhobo zeenzululwazi, ukuba sisazinzulu ngokusingqongileyo, ukuba ngumhlalutyi wezophandonzulu, ukuba ngmvelisi wezinto ezibulala izitshabalalisi zezityalo, ukuba ngumvelisi weemveliso ezingamayeza, ukuba ngumvelisi wezinto zokuthambisa neziqholo, ukuba ngusokhemesti osebenza kulawulo lweenkqubo nemigangatho yeemathiriyeli ezingekasetyenzwa neemveliso esele zenziwe, ukuba ngumphuhlisi weemveliso (amalungu omzimba enziwe ngabantu, iimpahla zokunxiba kwezemidlalo, izixhobo zezemidlalo, iimpahla zokhuselo), ukuba sisazinzulu ngamalaphu (amalaphu akwezonyango, amalaphu akwezoshishino, iifayibha ezincinci kakhulu, iinanofayibha), ukuba ngumphathi weentengiso zobugcisa, ukuba ngumphathi kwezoveliso, ukuba ngumlawuli wemigangatho, ukuba ngumthengi, ukuba ngutitshala weenzululwazi ngokubambekayo (aemva kokugqiba izifundo zeSatifiketi saseMva kokuThweswa isidanga sezeMfundo), ukuba ligqwetha eligxila kukhuselo lwamalungelo epropati yengqondo (ngesiqinisekiso semfundo yasemva kokuthweswa isidanga esiyimfuneko).

## I-BSc yeNzululwazi ngoMhlaba (iminyaka emi3)

- Inqaku leziphumo zeNSC elingama**65%** lilonke ubuncinane (ngaphandle kweLife Orientation)
- IsiAfrikansi OKANYE isiNgesi (njengoLwimi lwaseKhaya okanye njengoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo) **50%**
- IiNzululwazi ngokuBambekayo **50%**
- IMathematiksi **60%** okanye **70%** (ngokuxhomekeke ekukhetheni kwakho iMathematiksi neFiziksi kunyaka wokuqala) **

**Iinkalo ekugxilwe kuzo (ukhetha ibe nye)**
- USetyenziso lweNzululwazi ngoMhlaba
- INzululwazi ngeJiyografi nokusiNgqongileyo

**Iinkqubo eziyelelene nayo:** I-BSc yezokwaHlukahlukana kweZinto eziPhilayo nokusiNgqongileyo; i-BSc yeKhemistri; i-BScAgric yeeNzululwazi ngeZityalo neMihlaba.

**Amathuba amakhondo emisebenzi:** ukuba ngumcebisi ngezokusingqongileyo, ukuba yingcali yezamanzi asuka emhlabeni, ukuba yingcali yokwakheka komhlaba eligcisa kwezejiyografi, ukuba sisazinzulu ngezomhlaba, ukuba ngumlondolozi wosetyenziso lomhlaba, ukuba yingcali yokwakheka komhlaba, ukuba yingcali yokwakheka komhlaba kwezemigodi, ukuba yinjineli yolondolozo lokusingqongileyo, ukuba ngumcebisi kwezophengululo, ukuba yingcali yejiyokhemistri yezokusingqongileyo, ukuba yingcali yeenyikima, ukuba yingcaphephe yamatye, ukuba yingcali yokwakheka komhlaba phantsi kwamanzi, ukuba yingcali yosetyenziso lweeminerali, ukuba yingcali yeentabamlilo, ukuba yingcali yejiyofiziksi.

## I-BSc yezoLwazi ngeJiyografi (iminyaka emi3)

- Inqaku leziphumo zeNSC elingama**65%** lilonke ubuncinane (ngaphandle kweLife Orientation)
- IsiAfrikansi OKANYE isiNgesi (njengoLwimi lwaseKhaya okanye njengoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo) **50%**
- IiNzululwazi ngokuBambekayo **50%**
- IMathematiksi **60%**;
  OKANYE **70%** (ukuba ukhetha iNzululwazi ngeeKhompyutha njengesifundo saseyunivesithi) **

**Iinkqubo eziyelelene nayo:** I-BSc yeNzululwazi ngoMhlaba; i-BSc yeNzululwazi ngeeKhompyutha; i-BA yezoPhuhliso nokusiNgqongileyi.

**Amathuba amakhondo emisebenzi:** cukuba ligosa eliyintloko kwezolwazi ngamabala, ukuba ngumhlanganisi weenkcukacha ezinxulumene neendawo ezithile emhlabeni, ukuba yingcali yokubekwa kweliso kwiindawo ezikude kusetyenziswa imitha yelanga, ukuba yingcali yemozulu, ukuba ligcisa le-GIS (iiNkqubo zoLwazi olungeJiyografi), ucwangciso lwezothutho, ukuba yingcali yeemephu, ukuba ngumyili weemephu, ukuba yinjineli yeesoftiwee zeenkcukacha ezinxulumene neendawo ezithile emhlabeni, ukuba yingcali yeemozulu zeendawo ngeendawo, ukuba ngumhlalutyi wokubekwa kweliso emhlabeni, ukuba yingcali yokubekwa kweliso emhlabeni (kwiindawo ezikude) esebenzela amaqela okunikwa kweengcebiso ngokusingqongileyo, iifemu zocwangciso nobunjineli, uphuhliso lweenkqubo namaqela onikezelo ngeengcebiso malunga neekhompyutha, iiarhente ezisebenza ngeenkqubo zophuhliso zemithombo yoncedo yendalo neyabantu, uphengululo lweeminerali nezemigodi.

## I-BSc yeFiziksi (iminyaka emi3)

- Inqaku leziphumo zeNSC elingama**65%** lilonke ubuncinane (ngaphandle kweLife Orientation)
- IsiAfrikansi OKANYE isiNgesi (njengoLwimi lwaseKhaya okanye njengoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo) **50%**
- IiNzululwazi ngokuBambekayo **50%**
- IMathematiksi **70%**

**Iinkalo ekugxilwe kuzo (ukhetha ibe nye)**
- IFiziksi yokuKhaya (yokuBambekayo),
- IFiziksi yokuKhanya (yeBhayoloji)
- IFiziksi engeeThiyori

**Iinkqubo eziyelelene nayo:** I-BSc yeKhemistri, i-BSc yeeNzululwazi ngeMathematiksi apho kugxilwe kuSetyenziso lweMathematiksi.

**Amathuba amakhondo emisebenzi:** ukuba yingcali yokhuselo kwimitha yelanga, ukuba yingcali yefiziksi kwezonyango, ukuba yingcali yetekhnoloji engeeathom, ukuba ngumhlalutyi wedatha, ukuba ngutitshala weenzululwazi ngokubambekayo (aemva kokugqiba izifundo zeSatifiketi saseMva kokuThweswa iSidanga sezeMfundo), ukuba yingcali yefiziksi kwezejiyografi, ushishino lwezonyango, ukuba ngumvavanyi womgangatho womoya, ukuba ngumenzi weemodeli zezomoya, ukuba yingcali yefiziksi kwezophandonzulu, amathuba ophando kwi-iThemba Laboratory for Accelerator-based Sciences (iThemba LABS) namashishini afana neEskom, the iCSIR, iSasol, iSABS, ikhondo lomsebenzi kumashishini afana neenkqubo zokubonisa, ezonxibelelwano (iifayibha zokubonisa), ezokusingqongileyo (ukubekwa kweliso kungcoliseko), kwezolwaphulomthetho (inzululwazi ngezophandonzulu), ezokhuselo (ezolawulo nezonxibelelwano), izikhululo zombane wenyujliye nemigodi, umsebenzi kwiinkalo ezimbaxa zetekhnoloji engolwazi, kwijiyoloji, kwicandelo lebhayoloji nelezezimali, ukuba yingcali yefiziksi ngokujoliswe kwiinkwenkwezi, ukuba yingcali yendalo iphela.

# IINKQUBO KWIINZULULWAZI NGEMATHEMATIKSI

## I-BSc yeeNzululwazi ngeMathematiksi (iminyaka emi3)

- Inqaku leziphumo zeNSC elingama**65%** lilonke ubuncinane (ngaphandle kweLife Orientation)
- IsiAfrikansi OKANYE isiNgesi (njengoLwimi lwaseKhaya okanye njengoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo) **50%**
- IMathematiksi **70%**

*Ukuba uthatha iKhemistri okanye iFiziksi njengesifundo saseyunivesithi:*
- IiNzululwazi ngokuBambekayo **50%**

**Iinkalo ekugxilwe kuzo (ukhetha ibe nye)**
- USetyenziso lweMathematiksi
- IMathematiksi
- UPhando ngezeMisebenzi

**Iinkqubo eziyelelene nayo:** I-BSc yeNzululwazi ngeeKhompyutha; i-BEng; i-BSc yeFiziksi; i-BCom yeeNzululwazi ngeMathematiksi; i-BSc apho kugxilwe khona kwiBhayomathematiksi.

## I-BSc yeNzululwazi ngeeKhompyutha (iminyaka emi3)

- Inqaku leziphumo zeNSC elingama**65%** lilonke ubuncinane (ngaphandle kweLife Orientation)
- IsiAfrikansi OKANYE isiNgesi (njengoLwimilwaseKhaya okanye njengoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo) **50%**
- IMathematiksi **70%**

*Ukuba uthatha iKhemistri okanye iFiziksi njengesifundo saseyunivesithi:*
- IiNzululwazi ngokuBambekayo **50%**

**Iinkalo ekugxilwe kuzo (ukhetha ibe nye)**
- INzululwazi ngeeKhompyutha Jikelele
- IiNkqubo zeeKhompyutha
- INzululwazi ngeDatha

**Iinkqubo eziyelelene nayo:** I-BSc yeeNzululwazi ngeMathematiksi; i-BEng; i-BSc yeFiziksi; i-BSc yezoLwazi ngeJiyografi; i-BSc apho kugxilwe khona kwezoLwazi ngeBhayoloji neBhayoloji engeeKhompyutha; i-BCom yeeNzululwazi ngeMathematiksi; i-BDatSci

**Amathuba amakhondomemisebenzi** (iinkqubo ezikwiiNzululwazi ngeMathematiksi): ukuba ngumhlalutyi wezeenkcukachamanani, ukuba ngumhlalutyi wobungakanani, ukuba ngumhlalutyi weekhredithi, ukuba ngumlawuli wemingcipheko, ukuba ngumphihlisi weemveliso ezinemingcipheko, ukuba ngumhlalutyi wezobukrelekrele kushishino, ukuba ngumhlalutyi wophandonzulu kwiikhompyutha, ukuba ngumhlalutyi weenkqubo zeekhompyutha, ukuba ngumlawuli woovimba beenkcukacha, ukuba ngumhlalutyi wezezimali, ukuba yingcali yemathematiksi, ukuba ngumhlalutyi wophando ngemisebenzi, ukuba ngumcebisi ngezokuva, ukuba ngumhlalutyi wedatha, ukuba ngumhlalutyi wedatha, ukuba

ngumvavanyi weesoftiwee, ukuba ngumyili nomphuhlisi wemidlalo (games), ukuba ngumyili weCAD, ukuba ngumlawuli kwezezimali, ukuba ngutitshala wemathematiksi (emva kokugqiba izifundo zeSatifiketi saseMva kokuThweswa iSidanga sezeMfundo), ukuba ngumphandi ngezemisebenzi, ukuba ngumhlalutyi wothungelwano ngemisebenzi yobonelelo, ukuba sisazinzulu ngedatha, ukuba ngumhlohli, ukuba ngumphandi kwiinkalo zeenzululwazi ezineenkalo zolwazi ezingaphezu kwenye nezigxile kakhulu kwimathematiksi engokwakheka kunemathematiksi engohlalutyo, ukuba ngumcebisi kushishino lwezobunjineli, ukuba ngumqulunqi weenkqubo, ukuba yingcaphephe ekwenziweni kweemodeli zeenkqubo ezinokuguquguquka, ukusebenza imifanekiso, iindlela ezingosetyenziso lwamanani nokwenziwa kweemodeli zokuhamba kushishino lweebhanki okanye lobunjuneli okanye lweekhompyutha, amakhondo emisebenzi afuna izakhono zobungakanani ezintsokothileyo, njengakumacandelo eebhanki, otyalomali naweeinshorensi, ukuba ngumgqwesisi weenkqubo, ukuba yingcaphephe yezamalungiselelo kumacandelo ezothutho nezobonelelo, ukuba ngumphuhlisi weeprojekthi, umcwangcisi, kukho kananjalo namathuba osetyenziso kwezolimo, kwezemigodi, kwezamahlathi, icandelo lezokwenziwa kweemveliso, uthengiso lweemveliso, ukuba ngumyili weenkqubo, ukuba ngumphuhlisi weesoftiwee kushishino lwezokhuseleko neebhanki, network specialist, ukuba ngumyili weeaplikheyishini zeefowuni neethabhlethi, ukuba ngumzobi woopopayi be3D ukulungiselela ushishino lwezemibonisobhanyabhanya.

## IINKQUBO EZINXULUMENE NEENKALO ZOLWAZI EZINGAPHEZU KWENYE

### I-BSc (iminyaka emi3)

- Inqaku leziphumo zeNSC elingama**65%** lilonke ubuncinane (ngaphandle kweLife Orientation)
- IsiAfrikansi OKANYE isiNgesi (njengoLwimi lwaseKhaya okanye uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo) **50%**
- IMathematiksi **70%**
- IiNzululwazi ngokuBambekayo **50%**

**Iinkalo ekugxilwe kuzo (ukhetha ibe nye)**

- **IiNzululwazi ngeMathematiksi ngokujoliswe kwezoNyango lweZinto eziPhilayo**
- **USetyenziso lweKhemistri yezamaYeza**
- **EzoLwazi ngeBhayoloji neBhayoloji engeeKhompyutha**
- **Biomathematics**

### IBhatshela yeNzululwazi ngeDatha (BDatSci) (iminyaka4)

Le yinkqubo efumaneka kwiifakhalthi ezingaphezu kwenye.

- Inqaku leziphumo zeNSC elingama**80%** lilonke ubuncinane (ngaphandle kweLife Orientation)
- IMathematiksi **80%**
- IsiAfrikansi njengoLwimi lwaseKhaya **60%** OKANYE isiNgesi njengoLwimi lwaseKhaya **60%** OKANYE isiAfrikansi njengoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo **75%** OKANYE isiNgesi njengoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo **75%**

**Iinkalo ekugxilwe kuzo (ukhetha ibe nye)**

- **INzululwazi ngeeKhompyutha**
- **USetyenziso lweMathematiksi**
- **IFiziksi engeeNkcukachamanani**

**Iinkqubo eziyelelene nayo:** I-BSc yeNzululwazi ngeeKhompyutha; i-BEng; i-BSc yeFiziksi; i-BSc yeeNzululwazi ngeMathematiksi; i-BSc apho kugxilwe khona kwezoLwazi ngeBhayoloji neBhayoloji engeeKhompyutha, okanye apho kugxilwe khona kwiiNzululwazi ngeMathematiksi ngokujoliswe kuNyango lweZinto eziPhilayo; i-BCom yeeNzululwazi ngeMathematiksi.

**Amathuba amakhondo emisebenzi** (iiNkqubo eziFumaneka kwiiFakhalthi ezingaPhezu kweNye): ukuba ngumhlalutyi, ukuba yingcali yekhemistri kwezophuhliso, ukuba ngumncedisi kuphando, ukuba yingcali yekhemistri yasesayithini, ukuba yingcali yekhemistri kwezonyango, ukuba sisazinzulu ngedatha, ukuba yinjineli yokufunda ngoomatshini, ukuba sisazinzulu ngokufunda ngoomatshini, ukuba ngumyili weeaplikheyishini, ukuba ngumphuhlisi wezobukrelekrele kushishino (BI), ukuba yingcali yeenkcukachamanani, ukuba ngumhlalutyi wedatha, ukuba ngumnxibelelanisi kwinzululwazi ngezonyango, ukuba sisazinzulu ngezamayeza, ukuba lidlelane kwilinge lezonyango, ukuba yingcali yemicimbi yezolawulo, ukuba ligosa lokubekwa kweliso emayezeni nasemachizeni, ukuba yingcali yoqinisekiso lwemigangatho, ukuba ngummeli wezonyango, ukuba yingcali yophononongo nolawulo lwezifo, ukuba yinjineli yezonyango lwezinto eziphilayo, ukuba ngumhlalutyi wezonyango olulungiselelwe umntu buqu, ukuba ngumphandi kwezebhayoloji yeenkqubo.

### I-BSc yeNkqubo yeKharityhulam eyaNdisiweyo (iiECP) (iminyaka emi4)

Ezi nkqubo zinikezela ngendlela eyenye yokungena kwiinkqubo zeeNzululwazi ngeBhayoloji, ngokuBambekayo, ngeMathematiksi ne-BSc efumaneka kwiinkalo zolwazi ezingaphezu kwenya.
I-BSc ethatha iminyaka e4 (inkqubo yekharityhulam eyandisiweyo) (ECP) inonyaka osisiseko, kulandele ikharityhulam yeenkqubo eziqhelekileyo zedigri yeBSc.

- Abafaki zicelo abavela kumaqela ahlukeneyo akhethiweyo kunye neendidi zentlalo noqoqosho abangafikeleliyo kwiimfuno zokhetho, banokufumana isibonelelo sokutshintshela kwiECP **kweyeDwarha.**
- Abafakizicelo abasuka kumaqela okwahlukahlukana akhethiweyo neekhathegori zezentlalo nezoqoqosho abangazifezekisiyo iimfuno **zokufumana ithuba lokugqibela**, banokuthi bangenise izicelo zokuthathwa kwiECP **kweyoMqungu**.

# IFAKHALTHI **YEZAKWALIZWI**

Abafakazizicelo ababufezekisayo ubuncinane boko kufunekayo ukuze umntu athathwe bakhethwa ngokwezikhokelo zale fakhalthi ku**www.maties.com > Apply > Admission and selection requirements.**

### I-BTh (iBhatshela yezakwaLizwi) (iminyaka emi3)

- Inqaku leziphumo zeNSC elingama**60%** lilonke ubuncinane (ngaphandle kweLife Orientation)

**Iinkqubo eziyelelene nayo:** I-BDiv (iBhatshela yezobuThixo)

**Amathuba amakhondo emisebenzi:** Ukuba ngumsebenzi ngolutsha, umcebisi oknaye umsebenzi ngoluntu.

### I-BDiv (iBhatshela yezobuThixo) (iminyaka emi4)

- Inqaku leziphumo zeNSC elingama**60%** lilonke ubuncinane (ngaphandle kweLife Orientation)

**Iinkqubo eziyelelene nayo:** I-BTh (iBhatshela yezakwaLizwi)

**Amathuba amakhondo emisebenzi:** Inyathelo lokuqala kuqeqesho lobulungiseleli. Ukuze ube ngumlungiseleli kwiDutch Reformed Church (DRC) okanye kwiUniting Reformed Church (URC) gqiba i-Bdiv ne-Mdiv. Abagqatswa beDRC nabo kufuneka bafumane iDiploma yaseMva kokuThweswa iSidanga kwezakwaLizwi (ubuLungiseleli bobuKrestu. Abagqatswa bobulungiseleli bePresbyterian, abeAnglican nabeVolkskerk baqeqeshwa ngokubanzi ngamasebe abo.

### INkqubo yeKharityhuka eyaNdisiweyo (unyaka o+1)

Abagqatswa be-Bth nabe-Bdiv bathathelwa ingqalelo ngokujoliswe kwinkqubo yekharityhulam eyandisiweyo.

- Inqaku leziphumo zeNSC elingama**55%** lilonke ubuncinane kodwa elingaphantsi kwama**60%** (ngaphandle kweLife Orientation)
- Udliwanondlebe kunye noMphathi weFakhalthi okanye umntu ommeleyo, luyafuneka.
- Le yinkqubo yokukhetha nanjengoko zimbalwa izithuba ezifumanekayo

**** Ileta yokhuthazo esuka kwisebe leTyalike/kuMlungiseleli ngokuphathelene nobandakanyeko kwiTyalike nebonakalisa izizathu zokuba kutheni umfundi lowo enconywa yiTyalike/liSebe elo ukuba angenza izifundo zakwaLizwi.**



**Imbuyekezo**
IYunivesithi inelungelo lokulungelelanisa ulwazi olukule bhrowutsha nangaliphina ixesha njengoko kukho imfuneko. Ngako oko olu lwazi lusenokuba aluphelelanga okanye ludlulelwe lixesha. Ulwazi lunikwe apha njengolona lwazi lwethu, kananjalo ngokuchanelekileyo nangokupheleleyo njengoko bekunjalo ngexesha lokuya kushicilela ngoDisemba wama2025. Ukuqinisekisa ngolwazi olunikezelweyo luxanduva lalowo uza kuba ngumfundi. Ulwazi lwamva nje luyafumaneka ku- www.maties.com kunye neenombolo ezinikiweyo kwiibhrowutsha.

